# ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo leNtshona Koloni

## ISicwangciso soNyaka sokuSebenza

---

**2015/16**

**Umhla wokuthiwa thaca**

**5 kweyoKwindla 2015**

# IMBULA-MBETHE

Njengentloko yezopolitiko yeSebe leMicimbi yeNkcubeko eNtshona Koloni, ndilivuyele iwonga lokuphononongа esi Sicwangciso soNyaka sokuSebenza. Ndiyazingca ngenkqubela ephuhliswe leli Sebe ukubandakanya wonke ubani nasekudaleni nokuvuleleni abantu bethu amathuba kula macandelo enkcubeko nemidlalo.

ISicwangciso sowama-2015/2016 singumngeni ngokwaso yaye ndizinikele ekunikeni isikhokelo sezopolitiko kula macandelo – kwindlela yethu yokuhlanganisa abantu abahlukeneyo bephondo lethu nelizwe lethu.

Esi Sicwangciso soNyaka sokuSebenza sibandakanya igalelo labasebenzi, amahlakani angaphandle kunye neengcaphephe ezingamahlakani ethu yaye sandlala umbono, iinqobo nemigaqo-nkqubo enika isikhokelo ngonyaka elijongene nawo iSebe. Ndiyavuyisana neSebe ngokufezekisa umsebenzi omkhulu nobaluleke kangaka.

ISebe lethu libalwa njengelona lenza indima ephambili kwiinjongo zomphumela weqhinga lephondo 2: Ukuphucula iziphumo zemfundo namathuba ophuhliso lolutsha. Liyandichwayitisa ifuthe eza kuba nalo le nkqubo yaye lonke eli xesha ndiza kube ndibambe esi sikhundla ndiza kulinikela ekuyifezekiseni le njongo.

Ndizimisele ukusebenzisana neSebe lam yaye ndimema bonke abaphuma kumashishini azimeleyo abafuna ukuba ngamahlakani nathi ukuba babe yinxalenye yethu sijongane nayo sisonke le njongo yethu ikukuvulela abantu bethu amathuba.



**THEUNS BOTHA, MPP**

**UMPHATHISWA WEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO**

# UTYIKITYO OLUSESIKWENI

Oku kukuqinisekisa ukuba esi siSicwangciso seNdlela yokusebenza soNyaka:

- Saphuhliswa ngabalawuli beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokukhokelwa nguMphathiswa Theuns Botha
- Salungiselelwa ngokuhambelana neSicwangciso-qhinga sakutsha nje seSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, kwaye
- Sibonisa ngokucacileyo imisebenzi ekujoliswe kuyo eyakuzama ukuyiphumeza iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo xa izixhobo zokusebenza zifumaneka kuhlahlo lwabiwo-mali lonyaka-mali wama-2015/16.

**Shaun Julie**

**UMlawuli woBuchule bokuSebenza noLawulo lweNkxaso**

Utyikityo

**Brenda Rutgers**

**IGosa lezeMali eliyiNtloko**

Utyikityo

**Brent Walters**

**IGosa eliNika iNgxelo**

Utyikityo

**Yamkelwe ngulo ungezantsi:**

**Theuns Botha**

**UGunyaziwe oLawulayo**

Utyikityo

# OKUQULATHIWEYO

## Okuqulathiweyo


1. Umbono ... 8
2. Injongo ... 8
3. Iinqobo ezisesikweni ... 8
4. Uwiso-mthetho nezinye izigunyaziso ... 8
4.1 Isigunyaziso zoMgaqo-siseko ... 8
4.2 Izigunyaziso zowiso-mthetho ... 11
4.3 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo ... 14
4.4 Izindululo zenkundla ezifanelekileyo ... 26
4.5 Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo ... 27
5. Uhlahlelo lwesimo ... 28
5.1 Ubume bendlela yokwenziwa komsebenzi ... 31
5.2 Ubume boMbutho ... 45
5.3 Inkcazelo yenkqubo yocwangciso yeqhinga ... 50
6. Iinjongo ezijolise kumphumela weqhinga leSebe ... 51

**ICANDELO B: IINKCUKACHA ZOMSEBENZI WENKQUBO** ... 53

**7. Inkqubo 1: Ulawulo** ... 53
**7.1. Iinjongo zeqhinga lokusebenza** ... 53
**7.2. Ekujoliswe kuko ngonyaka yinjongo yeqhinga lokusebenza 2015/16** ... 54
**7.3. Ulawulo lomngcipheko** ... 54
**7.4. Imisebenzi yenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka nangekota kowama-2015/16** 55
**7.5. Ukulungelelanisa ekujoliswe kuko nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF** ... 56
**8. Inkqubo 2: IMicimbi yeeNkcubeko** ... 57
**8.1. Injongo yeqhinga lokusebenza** ... 57
**8.2. Ekujoliswe kuko yinjongo yeqhinga lokusebenza ngonyaka wama-2015/16** ... 58
**8.3. Ulawulo lomngcipheko** ... 59
**8.4. UMsebenzi weNkqubo nekuJoliswe kuko ngekota kowama 2014/15** ... 61
**8.5. Ukulungelelanisa umsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF** ... 64
**9. Inkqubo 3: IiNkonzo zamaThala eeNcwadi noLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo** ... 66
**9.1. Injongo yeqhinga lokusebenza** ... 66
**9.2. Ekujoliswe kuko yinjongo yeqhinga lokusebenza ngonyaka wama-2015/16** ... 67
**9.3. Ulawulo lomngcipheko** ... 68

# Izifinyezo

| | |
|---|---|
| AtoM | ILungelo lokungena kwiNgqiqo |
| CBO | UMbutho wezoLuntu |
| CFO | IGosa lezeMali eliyiNtloko |
| CPO | I Cape Town Philharmonic Orchestra |
| DAC | ISebe lezoBugcisa neNkcubeko leSizwe |
| DCAS | ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo |
| DBE | ISebe lezeMfundo esiSiseko |
| DORA | UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso (ngonyaka) |
| EE | Ubulungisa eNgqeshweni |
| EPWP | INkqubo yeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo |
| ECM | Inkqubo yoLawulo lweeNkcukacha ngeKhompuyutha |
| FMIP | Inkqubo ePhuculweyo yoLawulo lweziMali |
| GWM&E System | i-Government-wide Monitoring and Evaluation System |
| GBS | Ingxowa-mali yeNkxaso ngokuBanzi yoHlahlo Lwabiwo-mali |
| HWC | ILifa leMveli leNtshona Koloni |
| ICT | Ingcaciso netheknoloji yonxibelelwano |
| IG | Imidlalo yeMveli |
| IDP | ISicwangciso soPhuhliso esiManyanisiweyo |
| JPTT | IQela eliHlangeneyo lezeMidlalo eZikolweni lePhondo |
| KMIS | INkqubo yeNgcaciso yoLawulo loLwazi |
| LIS | IiNkonzo zamaThala eeNcwadi neNgcaciso |
| m | IMitha |
| M&E | UkuBekwa kweLiso noVavanyo |
| MGE | Mzansi Golden Economy |
| MIG | UMnikelo kaMasipala weZibonelelo |
| MEC | ILungu leSigqeba esiLawulayo [sePhondo] iBhunga loLawulo(uMphathiswa wePhondo) |
| MOU | ISivumelwano sokuQondana |
| MOD Centre | UkuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi; iThuba neLungelo neZiko elikhuthaza iiNkqubo |
| MOD Programme | UkuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi; iThuba neLungelo; uPhuhliso nokuKhula |
| MPP | ILungu lePalamente yePhondo |
| MTEF | IsiCwangciso –nkqubo seNkcitho seSithuba esiPhakathi |
| MTSF | IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi |
| NAAIRS | INkqubo yeSizwe eZenzekelayo yokuFunyanwa kweNgcaciso yooVimba |
| NAC | IBhunga leSizwe lezoBugcisa |
| NDP | IsiCwangciso soPhuhliso seSizwe esijoliswe kowama-2030 |
| NGO | UMbutho ongekho kuRhulumente |
| NHC | IBhunga leLifa leMveli leSizwe |
| NHRA | UMthetho waMafa eMveli weSizwe, 1999 |

| | |
|---|---|
| NO | UMphumela weSizwe |
| NSRP | IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo |
| PALAMA | IZiko loQeqesho lobuNkokeli noLawulo lukaRhulumente |
| PanSALB | IBhodi yeeLwimi zaBantu zoMzantsi Afrika |
| PLC | IKomiti yeeLwimi yePhondo kaPanSALB |
| PFMA | UMthetho woLawulo lwezeMali zoRhulumente, 1999 |
| PN | Isaziso sePhondo |
| PSG | INjongo zesiCwangciso-qhinga sePhondo |
| PSO | IiNjongo zeQhinga zePhondo |
| RFID | IRadio frequency identification |
| SAHRA | IArhente yeZibonelelo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika |
| SANSC | Inkqubo yobuNtshatsheli yeZikolo yeSizwe soMzantsi Afrika |
| SASCOC | IKomiti yeeManyano yeMidlalo yoMzantsi Afrika neeOlimpiki |
| SCM | ULawulo loMxokelelwano loNikezelo |
| SCMPP | INkqubo yoLuntu yokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi iSiyadlala |
| SITA | IArhente yeTheknoloji yeNgcaciso kaRhulumente |
| SLIMS | INkqubo yeThala leeNcwadi yeSITA nolawulo lweenkcukacha |
| SMART | Ezizizo, onokuzilinganisa ezinokufezekiswa ezifanelekileyo nezimiselwe ixesha elithile |
| SMS | INkonzo yoLawulo oluPhezulu |
| SRSA | IMidlalo noLonwabo yoMzantsi Afrika (isebe lesizwe leMidlalo noLonwabo) |
| SSMPP | INkqubo yeZikolo yokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi |
| UNESCO | UMbutho weZizwe eziManyeneyo weMfundo, weNzululwazi neNkcubeko |
| WC | INtshona Koloni |
| WCCC | IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni |
| WCED | ISebe leMfundo leNtshona Koloni |
| WCG | URhulumente weNtshona Koloni |
| WCPGNC | IKomiti yePhondo leNtshona Koloni yaMagama eeNdawo |
| WCLC | IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni |
| WCSS | ISikolo seMidlalo seNtshona Koloni |
| WSP | IsiCwangciso saMakhono abaSebenzi |
| UAMP | IsiCwangciso soLawulo loMsebenzisi weMpahla |

# ICANDELO A: AMAVANDLAKANYA ENDLELA YOKUSEBENZA

## 1. Umbono

INtshona Koloni ebambiseneyo, enobuchule nekhutheleyo.

## 2. Injongo

Sikhuthaza ukusebenza ngenkuthalo nokuzimisela ngokuquka wonke ubani kwezemidlalo nenkcubeko ngokusebenzisa izixhobo zokusebenza ngokufanelekileyo, ngokuzinzileyo nangexesha elililo, ngokusebenza ngokubambisana nabanye. Ukuqinisekisa ukusebenza ngokuzimisela, siza kudala iimeko zokufikelela nokuthatha inxaxheba kwesininzi sabantu, ukufunyaniswa kwetalente nophuhliso lwezakhono.

## 3. Iinqobo ezisesikweni

Ukukhathala, uLwazi ngoMsebenzi ukuThatha uXanduva, iMfezeko nokuSabela kwiimfuno zoLuntu

## 4. Uwiso-mthetho nezinye izigunyaziso

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) lizithatha ngokuba ziyabophelela izindulululo zowiso-mthetho njengesisekelo sendlela yokusebenza, esebenza kakuhle nangokufanelekileyo, ngokulingana nokufikeleleka konikezelo lweenkonzo, olusekelwe kumthetho kaRhulumente weNguqu kuNikezelo lweeNkonzo zoLuntu, iNyathelo leBatho Pele. I-DCAS isebenza ngokwesindululo sowiso-mthetho nomgaqo-nkqubo ochazwe kwitheyibhile engasezantsi.

### *4.1 Isigunyaziso zoMgaqo-siseko*

| ICandelo | Inkcazelo |
|---|---|
| **UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996** | |
| Icandelo 6 (3)ne(4): uLwimi | URhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG), ubeka iliso aze anike imiqathango yokulawula ukusetyenziswa kweelwimi ngokusemthethweni. Zonke iilwimi ezisesikweni mazisetyenziswe ngokulinganayo nangentlonipho. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC), ngokusebenzisana neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS), inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukusetyenziswa kolwimi ngokoMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni, owamiselwa ngowama-2001, kufuneka yenze ingxelo kwiPalamente yePhondo yeNtshona Koloni ngesi sigunyaziso kube kanye ubuncinane ngonyaka. I-DCAS yiyo ebeka iliso kwi-WCLC kwaye inika iKomiti inkxaso ngezolawulo nangemali. |

| ICandelo | Inkcazelo |
|---|---|
| Icandelo 6 (3)ne(4): uLwimi | URhulumente wePhondo leNtshona Koloni (WCG), ubeka iliso aze anike imiqathango yokulawula ukusetyenziswa kweelwimi ngokusemthethweni. Zonke iilwimi ezisesikweni mazisetyenziswe ngokulinganayo nangentlonipho. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC), ngokusebenzisana neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS), inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukusetyenziswa kolwimi ngokoMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni, owamiselwa ngowama-2001, kufuneka yenze ingxelo kwiPalamente yePhondo yeNtshona Koloni ngesi sigunyaziso kube kanye ubuncinane ngonyaka. I-DCAS yiyo ebeka iliso kwi-WCLC kwaye inika iKomiti inkxaso ngezolawulo nangemali. |
| Icandelo 30: uLwimi Nenkcubeko | IDCAS iququzelela ukuvula amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise iilwimi zabo babenethuba lokusebenzisa amalungelo abo ngeenkqubo namaphulo eliwaxhasayo |
| Icandelo 31: Ngokwenkcubeko, inkolo noluntu lwezolwimi | Kufuneka i-DCAS iqinisekise ukuba iinkqubo zayo namaphulo ayayihlonipha iyantlukwano yabantu baseNtshona Koloni. |
| Icandelo 41: Imiqathango yokuse benzisana nokubam bisana koorhulumente | I-DCAS isebenzisana ngokubambisana namanqanaba onke karhulumente. Ngokwemiyalelo ethile egunyazisayo, i-DCAS isebenzisana neSebe leSizweloBugcisa neNkcubeko (DAC), kunye neSebe leMidlalo noLonwabo (SRSA), kwaye isebe lesizwe lezemidlalo nolonwabo lilo elijongene noxanduva); amaqumrhu orhulumente wesizwe nowephondo; kunye neyoomasipala eNtshona Koloni. |
| Icandelo 156(4): Unikezelo lwegunya | Kufuneka i-DCAS inike okanye igunyazise umasipala, ngokwesivumelwano nangokuxhomekeke kuyo nayiphi na imeko echaphazelekayo, ulawulo lomba okuluhlu lweSigaba A lweShedyuli 4 okanye iSigaba A seShedyuli 5 ehambelana norhulumente wasekhaya, ukuba<br>• Lo mba ungaphathwa kakuhle ngurhulumente wasekhaya, kwaye<br>• umasipala unamandla unako ukuwuphatha.<br>• I-DCAS, iququzelela ukunikezela ngeenkonzo zamathala encwadi oluntu, okujongwe njengesindululo esibonelelwa kancinci ngemali. Ezi nkonzo zenziwa ngobambiswano neSebe loLolawulo-mali leSizwe kunye neSebe lezoBugcisa neNkcubeko ngokweSibonelelo-mali esineMiqathango samaThala oLuntu apho kunikwa enye inkxaso evela kwingxowa-mali yembuyekezo kamasipala ekuLawulo-mali lwePhondo. |
| Ishedyuli 4: Iinkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngokufanayo kuZwelonke nakwiPhondo | Imiba yenkcubeko:<br>• I-DCAS isebenza ngokubambisana neSebe loBugcisa neNkcubeko (i-DAC) nemibutho elisebenzisana nayongokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli.<br>Umgaqo-nkqubo wokusetyenziswa kweelwimi nokulawula ukusetyenziswa kwezinye iilwimi kangangokuba izinikezelo zeCandelo 6 zoMgaqo-siseko zichaza ngokungathandabuzekiyo ukuba iPhondo leNtshona Koloni linolwazi lowiso-mthetho<br>• I-DCAS isebenza ngokubambisana ne-DAC kunye nemibutho karhulumente esebenza ngokubambisana ngokwemiba yomgaqo-nkqubo yokusetyenziswa kweelwimi. |
| Ishedyuli 5: Iinkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngo-kuzimeleyo kwiPhondo | Iindawo zokulondoloza iinkcukacha zakudala ezibalulekileyo kwiphondo ngaphandle kwezikazwelonke:<br>• I-DCAS inikwe umyalelo wokuyila umthetho kwiphondo mayelana neendawo zokulondoloza iinkcukacha zakudala ezibalulekileyo ngaphandle kwezikazwelonke ukulawula indlela yokusebenza. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zokuLondoloza iiNkcukacha eziBalulekileyo kwiPhondo.<br>Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kuzwelonke:<br>• I-DCAS iyalelwe ukuba liyile umthetho mayela namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kazwelonke ukulawula indlela yokusebenza. ISebe linoxanduva lokusebenza kweNkonzo yaMathala eeNcwadi yePhondo nokusebenza ngokubambisana nabasemagunyeni kumathala eencwadi oluntu ngokunikezelwa kweenkonzo nolwazi kuluntu.<br>Amaziko olondolozo lwembali ngaphandle kwakazwelonke:<br>• I-DCAS inikwe umyalelo wokuyila umthetho osebenza namaphondo kuphela ngaphandle kwamaziko olondolozo lwembali kazwelonke nokulawula ukusetyenziswa kwawo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zoLondolozo lweeMbali kwiphondo ngokusebenza ngokubambisana namaziko olondolozo lwembali aban-dakanyekayo ukuzinika inkxaso.<br>Imiba yenkcubeko kwiphondo (iquka ulawulo lwezixhobo zokusebenza ngelifa lemveli namagama eendawo):<br>• I-DCAS inikezela ngeeNkonzo zeLifa leMveli eNtshona Koloni (HWC), igunya elijongene nezixhobo zokusebenza ilifa lemveli lamiselwa ngokomthetho i-National Heritage Resources Act, 1999 (NHRA), kunye nabasebenzi kunye nenkxaso ngemali nenkxaso yolawulo ukwenza umsebenzi eliwumiselweyo ngokusemthethweni. U-MEC [ILungu |

| ICandelo | Inkcazelo |
|---|---|
| | (lePhondo) leBhunga] nguye omisela iBhunga le-HWC kwaye wonyulwe njengomntu onegunya leNtshona Koloni.<br>• I-DCASinika iKomiti eququzelela aMagama eeNgingqi eNtshona Koloni inkxaso evunyiweyo kananjalo inika nenye inkxaso (WCPGNC) ukuqhuba umsebenzi ngokufakana imilomo noluntu mayelanemiba yokubeka emgangathweni omnye ukutshintshwa kwamagama. Iya kuthi yakuba iqoshelisiwe inkqubo yokufakana imilomo noluntu, iKomiti yephondo yenze izindululo kwiBhunga laMagama eeNgingqi eMzantsi Afrika.<br>IMidlalo noLonwabo:<br>I-DCAS igunyaziwe ukuba incede yaye ixhase uyilo lobume obuncedayo ukulungiselela imisebenzi yemidlalo nolonwabo eNtshona Koloni. |
| Icandelo 195; Iinqobo Ezisemgangathweni ezisisekelo nemiqathango yolawulo loluntu | Amagosa eDCAS anoxanduva lokusebenza ngokwecandelo 195, candelo elo lichaza iinqobo ezisemgangathweni zikarhulumente wabantu nemiqathango elawula amagosa oluntu. ICandelo 195(1)(*b*) lifuna indlela esebenzayo, nokukhuthazwa kokusebenzisa izixhobo zokusebenza kakuhle. Iyodwa nje loo nto ichaza ukuba iinkqubo ezithathwe sisicuku soluntu kufuneka sibenengeniso ngexabiso eliphantsi. |
| Amacandelo 92 ne-133 | Icandelo lama-92 lixinzelela into yokuba amalungu eKhabhinethi anoxanduva ngokuhlangeneyo nangokuzimela kwiPalamente ngokusebenzisa amagunya awo nendlela yokwenza imisebenzi yawo, kananjalo lichaza into yokokuba kufunekaloo malungu anikezele iPalamente ngeengxelo ezipheleleyo yaye ezinikezelwa rhoqo ezibhekiselele kwimiba ephantsi kolawulo lwawo. ICandelo-133 lwandisa oluhlobo lokuthwalwa koxanduva ngoo-MEC [AmaLungu eBhunga eliLawulayo] bephondo, kunye nooMEC abanika indlu yowiso-mthetho iingxelo ezipheleleyo yaye ezinikezelwa rhoqo ezibhekiselele kwimiba ephantsi kolawulo lwawo. |
| **UMgaqo-siseko waseNtshona Koloni, 1998** | |
| ICandelo 5 | Ngokweenjongo zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni:<br>• Kuzakusetyenziswa iilwimi ezintathu ezisemthethweni, isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa; kwaye<br>• Ezi lwimi zakusetyenziswangokulinganayo.<br>Kufuneka uRhulumente wephondo leNtshona Koloni (WCG), ngokusebenzisa umthetho neminye imiqathango, alawule aze abeke iliso ngokusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa.<br>• Kufuneka i-WCG (uRhulumente wephondo leNtshona Koloni) imisele imiqathango esebenzayo nefanelekileyo ukuphakamisa umgangatho nokuqhubela phambili ukusebenza kweelwimi zabantu bomgquba eNtshona ngaphambili. |
| ICandelo 70 | Kufuneka umthetho wephondo unikezele ngenkxaso-mali ebonakalayo, kwizixhobo zokusebenza ezikhoyo kuRhulumente weNtshona Koloni zebhunga lezenkcubeko okanye amabhunga enkcubeko oluntu lweNtshona Koloni, lusabelana ngenkcubeko efanayo nelifa lemveli kwezokusetyenziswa kolwimi.<br>Ukubhaliswa nokuxhaswa kwamabhunga enkcubeko:<br>IKomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni (WCCC), inikwe umsebenzi wokubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko abhalisileyo. Ikwayi-DCAS enoxanduva lokubeka iliso kwi-WCCC kwaye inike iKomishini inkxaso kwezolawulo nangezemali. |
| Icandelo 81 | Kufuneka uRhulumente waseNtshona Koloni amisele aze asebenzise imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu beli phondo, kuquka imigaqo-nkqubo ejoliswe ekuphumezeni:<br>• Ukukhuthaza intlonipho yamalungelo enkcubeko, inkolo noluntu lokusetyenziswa kweelwimi kwiNtshona Koloni<br>• Ukhuseleko lolondolozo lwembali yezendalo, imbali yenkcubeko, ilifa lemveli eze ngokweakhiyoloji nezakhiwo zaseNtshona Koloni ukulungiselela izizukulwana zangoku nezizayo.<br>I-DCAS isebenzisa imigaqo-nkqubo ethile ukuxhasa le mimiselo. |
| Icandelo 82 | Imiqathango esisikhokelo yomgaqo-siseko wephondo kwiSahluko10 (icandelo 81) ayisosinyanzeliso ngokomthetho, kodwa isisikhokelo kuRhulumente weNtshona Koloni ekwenzeni nasekusebenziseni imithetho. |

### *4.2 Izigunyaziso zowiso-mthetho*

IPhepha lamaLungelo lokugqibela leNguqu yeeNkonzo zeThala leeNcwadi neNgcaciso (LIS) elinikezela ngemithetho-siseko yesikhokhelo esilungiselelwe iLIS yoMzantsi Afrika lapapashwa ngeyoMdumba wama-2014. Ezi ngcebiso zilandelayo ziqulathwe kule ngxelo: "Iingcebiso zibonelela ngembono yamathala eencwadi njengeziko elithwala uxanduva kuluntu, elilawulwa ngabasebenzi abanobuchule obufanelekileyo, abanamakhono okuyila uthelelwano ukulungiselela ukuxhathisa kwekhono elingaphezulu ukuqhubela phambili iinjongo zenkonzo yalo maxesha exhotyiswe ngeetheknoloji ezidingekayo kubemi ukulungiselela uphuhliso lomntu ngamnye, nokwakha uluntu olusempilweni eyiyo."

ISebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko liyile umgaqo-nkqubo wesizwe ukulungiselela ukugcinwa kwelifa lemveli kwikhompyutha kunye neeNkonzo zaMafa ePhondo leNtshona Koloni liya kuqukumbela umgaqo-nkqubo oyilwayo wokufakwa kwikhompyutha kwisithuba sowama-2015/16.

| Umthetho kaZwelonke | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| UMthetho woLawulo lukaRhulumente wama-2014 | UMthetho 11 wama-2014 | Ukukhuthaza iinqobo ezisesikweni zesiseko nemithetho-siseko elawula ulawulo lukarhulumente ekubhekiselelwe kwiCandelo 195(1) loMgaqo-siseko; ukubonelela ngokhutshelo nokubolekiswa kwabaqeshwa abakulawulo lukarhulumente; ukulawula ukuqhutywa koshishino kuRhulumente; ukubonelela ngophuhliso lwamakhono noqeqesho; ukubonelela ngokusekwa kweSikolo seSizwe sikaRhulumente, ukubonelela ngokusetyenziswa kwetheknoloji yengcaciso nonxibelelwano kulawulo lukarhulumente, ukusekwa kweYunithi yeNkxaso yoBugcisa yoLawulo lukaRhulumente lweeNqobo zokuziPhatha, iMfezeko noLuleko; ukubonelela ngethuba lokuba uMphathiswa amilisele imilinganiselo nemigangatho ephantsi yolawulo lukarhulumente; ukusekwa kweOfisi yeMigangatho noHambelwano lwemilinganiselo nemigangatho ephantsi, ukuxhotyiswa koMphathiswa ukulungiselela ukwenza imimiselo; nokubonelela kwimiba enxulumene noko. |
| UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente,1999 | Umthetho 1 ka-1999 | • UMthetho woLawulo lwezeMali zoRhulumente (PFMA)<br>• ujongene nolawulo lwemali yoorhulumente, okazwelonke nowephondo, amaqumrhu adwelisiweyo, amaziko asemthethweni nezindlu zowiso-mthetho ephondo: nolungiselelo lweDCAS, ukulawulwa kweemeko zengqesho, ixesha lokuhlala esikhundleni, ukuziphatha, ukuthatha umhlala-phantsi nokukhululwa kwamalungu enkonzo zoluntu, nemiba ehambelana nazo.<br>• uqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, iasethi nezinto ezingamatyala kula maziko zilawulwa ngokufanelekileyo, kwaye<br>• uchaza uxanduva olunikwe abantu ngolawulo lwezemali kula maqumrhu. |
| UMthetho weNkonzo zoLuntu, 1994 (ngokulungisiweyo, phakathi kwezinye izinto, uMthetho oLungisayo weNkonzo zoLuntu, 2007) | Proclamation 103, Government Gazette 15791 of 3 June 1994 noMthetho 30 of 2007. | Lo Mthetho wenza isibonelelo sequmrhu nolawulo lwe-DCAS, ukulawula iimeko zengqesho, ixesha lokuba sesikhundeni, indlela yokuziphatha, ukuziphatha, ukuthatha umhlala-phantsi nokukhululwa kwamalungu enkonzo zoluntu, nemiba ehambelana nazo. |
| UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso,(qho ngonyaka) | Kubakho uMthetho omtsha unyaka nonyaka. | Unyaka ngamnye, uMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso (DORA):<br>• Umisela ukuhlulahlulwa ngokulinganayo ingeniso eyenziwe kumanqanaba karhulumente kazwelonke, awephondo nawommandla;<br>• ulawula isabelo esifanelekileyo phakathi kwamaphondo kwingeniso yephondo; kwaye<br>• wenza izabelo eziya kurhulumente wamaphondo, owommandla okanye oomasipala, mali leyo sukuba ivela kurhulumente wesizwe ephuma kwakuloo ngeniso, ngokuxhomekeke kwiimeko<br>I-DCAS ifumana izibonelelelo-mali ezinemiqathango kurhulumente |

| Umthetho kaZwelonke | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| | | kazwelonke kwaye luxanduva lwayo ukulawula ezi mali. |
| UMthetho woFikelelo kuLwazi, 2000 | UMthetho 2 ka-2000 | Lo Mthetho unikilungelo lokufikelela kwiirekhodi ezisezandleni zorhulumente, amaziko karhulumente nakumaqumrhu azimeleyo. Phakathi kwezinye izinto, i-DCAS kunye nalo naliphi na elinye iqumrhu lorhulumente nelo lizimeleyo kufuneka: lenze imanyuwali ukucacisela amalungu oluntu ngendlela yokufakwa kwezicelo zokufikelela kwiinkcukacha zolwazi ezisezandleni zequmrhu; kwayekuqeshwe igosa eliya kujongana nezo nkcukacha zolwazi ukuze liqwalasele ufikeleleko lolwazi olusezandleni zequmrhu. |
| UMthetho wokuKhuthazwa koLawulo ngobuLungisa, 2000 | UMthetho 3 ka-2000 | Lo Mthetho: uchaza ngemithetho nezikhokelo ekufuneka abalawuli bazilandele xa besenza izigqibo;<br>Umisela ukuba abalawuli babazise abantu ngamalungelo abo okuphonononga okanye ukubhena kwanelungelo labo lokufuna izizathu;<br>Umisela abalawuli ukuba banike izizathu ngokumayela nezigqibo zabo; kwaye unika abantu ilungelo lokuzisa enkundleni izigqibo zabalawuli. |
| UMthetho waMaziko eNkcubeko, 1998 | Umthetho119 ka-1998 | Kufuneka i-DCAS iqhagamshelane, kwaye isebenzisane namaziko abhengezwe ukuba ngawenkcubeko kuzwelonke ngokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli. |
| UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko,1983 | Umthetho 35 ka-1983 | Lo mthetho wanikwa iNtshona Koloni, kwayeke i-DCAS inoxanduva lokuthobela imiqathango yoMthetho. |
| UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWiso-mthetho),1989 | Umthetho 65 ka-1989 | Lo mthetho-siseko wanikwa iNtshona Koloni kwaye i-DCAS inoxanduva lokuhambelana nemiqathango yoMthetho. |
| UMthetho weSizwe waMaziko oLondolozo lweNkcukacha zaKudala eziBalulekileyo zoMzantsi Afrika,1996 | Umthetho 43 ka-1996 | I-DCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeeNgcebiso kaZwelonke yaMaziko oLondolozo lweeNkcukacha zakuDala eziBalulekileyo. ISebe linoxanduva lokuhlangabezana nemimiselo nemigangatho ebekelwe uzwelonke phantsi kwalo Mthetho. |
| UMthetho kaZwelonke weBhunga lezoBugcisa, 1997 | Umthetho 56 ka-1997 | I-DCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga lezoBugcisa leSizwe (NAC) ukuze basebenzisane kananjalo banxulumane ne (NAC), kwaye nakulawulo lwesibonelelo mali seNAC kwanokuphuhlisa ubugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni. |
| UMthetho kaZwelonke weBhunga laMafa eMveli, 1999 | Umthetho 11 ka-1999 | I-DCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhungaleLifa leMvelileSizwe (NHC) kwanokusebenzisana nokunxulumanisa imisebenzi ephathelelene nokubonelela ngemali kwaneeprojekthi ezenziwa yiNHC kwiNtshona Koloni. |
| UMthetho weZixhobo zeLifa leMveli, ka-1999 | UMthetho 25 ka- 1999 | I-DCAS iqinisekisa ukuhambelana neNHRA ngokubeka iliso kuphakamiso-magama apho kuya kukhethwa umntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni, kungakuhlexa inokuba lilungu leBhunga leArhente yeziXhobo zeLifa leMveli (SAHRA).<br>I-DCAS iqinisekisa ukuhambelana nomthetho ngokuba kufuneka uMEC akhethe iBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC)- libeligunya lelifa lemveli kwiphondo leNtshona Koloni. ISebe likwanoxanduva lokuqhagamshelana nokusebenzisana neSAHRA, i-HWC noomasipala mayela nokulawula izixhobo zokusebenza ngelifa lemveli. I-DCAS incedisa uMEC kwimiba yezibheno engeniswe kuye ezayamene le-HWC. |
| UMthetho weBhodi yokuSetyenziswa kweeLwimi eMzantsi Afrika, 1995 | UMthetho 59 ka-1995) | Phakathi kwezinye, izinto lo Mthetho umisela ukuba iPan South African Language Board (PanSALB) imisele ikomiti yeelwimi yephondo (PLC) kwiphondo ngalinye. I-PanSALB inegunya lokuqwalasela le PLC sele ikho njenge PLC ye-PanSALB, ukuba ngaba ikomiti leyo imelwe ngokufanelekileyo ngokweemfuno zeelwimi kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni njengomsebenzi we-PLC weNtshona Koloni. |
| UMthetho weBhunga laMagama eendawo eMzantsi Afrika,1998 | UMthetho 118 ka-1998 | I-DCAS inoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nemimiselo yalo Mthetho ukuze kunyulwe umntu oya kuba ngummeli aze abe kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika; ukuze enze uphando ngamagama eendawo kwiNtshona Koloni; ukuqinisekisa ukuba loo magama kuvunyelenwe ngawo; kwaye apho kukho imfuneko, aququzelele ukubonisana noluntu malunga neenguqu eziphakanyiswayo ngala magama. ISebe lona linika inkxaso esemgangathweni kunye nayo nayiphi enye inkxaso kwiKomiti ejongene naMagama eeNdawo. Yakuba igqibekile inkqubo yokubonisana noluntu i-WCPGNC iya kwenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika. |
| UMthetho | UMthetho 49 | I-DCAS inoxanduva lokunyula ummeli oya kuba kwiKomiti yeeNgcebiso |

| Umthetho kaZwelonke | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| weNgqungquthela yeLifa leMveli kwiHlabathi,1999 | ka-1999 | ngeLifa leMveli loMzantsi Afrka yeHlabathi.<br>Eli Sebe likwanoxanduva lokuvumelana neMimiselo yoMthetho nakwiNgqungquthela yezaMafa eMveli yeHlabathi malunga nokukhethwa kweesayithi ezinakoukuba liLifa leMveli kuLuhlu lweXeshana eMzantsi Afrika zize zithunyelwe kwiKomiti ejongene naMafa eMveli ye-UNESCO |
| UMthetho weMidlalo noLonwabo<br>kuZwelonke, 1998 | UMthetho<br>110 ka-1998 | Ukuqinisa nokuququzelela ubudlelwane bokuphuhliswa nokukuthazwa kwezemidlalo nolonwabo phakathi kweSASCOC (South African Sports Confederation and Olympic Committee), iSport and Recreation South Africa (SRSA) imifela-ndawonye yezemidlalo, amabhunga ezemidlalo nezinye iiarhente.<br>Lo Mthetho ukwalungelelanisa imiqathango ejolisweni ekumiseleni ulingano kwimidlalo nolonwabo, ukukhuthaza ulingano nentando yabantu kwimidlalo nolonwabo nokunika iindlela zokuthatha izigqibo kwimidlalo nolonwabo. |

| Umthetho wePhondo | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| UMthetho wokuSetyenziswa koLwimi eNtshona Koloni, 1998 | UMthetho<br>13 ka-1998 (INtshona Koloni) | IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni yamiselwa ngokwalo Mthetho, phakathi kwezinye izinto:<br>Ukubeka iliso ekusetyenzisweni kwesiAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni;<br>Ukwenza izindululo kuMEC nakwiPalamente yePhondo malunga nomthetho, inkqubo kunye nomgaqo-nkqubo ophakanyiswayo okanye osele ukho wokujongana ngqo okanye ngokungangqalanga osebenza ngolwimi eNtshona Koloni;<br>Ukukhuthaza ngenkuthalo imithetho-siseko yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi;<br>ukukhuthaza uphuhliso lweelwimi ezazikade zingananzwanga ngaphambili, oko kwenziwe ngokuzimisela;<br>ukunika iingcebiso kuMEC nakwiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni malunga nemiba ephathelelene nolwimi kwiPhondo; kwaye<br>Ukunika iingcebiso i PanSALB malunga nemiba ephathelelene neelwimi eNtshona Koloni.<br>I-DCAS yiyo eliliso kwi-WCLC kwaye inika iKomiti inkxaso kwezolawulo nangemali. |
| UMthetho olawula iiKomishini zeNkcubeko namaBhunga ezeNkcubeko, 1998 | UMthetho 14 ka-1998 (INtshona Koloni) | Lo Mthetho umisela iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni ukuba ithi, phakathi kwezinye izinto, iqwalasele ubhaliso nokurhoxa kwamabunga ezenkcubeko ekubhaliseni, amele uluntu kusabelwana ngelifa lenkcubeko nelolwimi ngendlela efanayo. I-WCCC iya kwenza iziphakamiso koku kulandelayo:<br>ubugcisa obubukelwayo, obuboniswayo nobokubhala;<br>Iisayensi zendalo nezingabantu;<br>Imbali ngezenckubeko; kunye nephulo lokwazisa lezenkcubeko nokubandakanyeka kolutsha kwezenkcubeko.<br>I-DCAS ililiso kwi-WCC kwaye inika iKomishini inkxaso kwezoLawulo nangeMali |
| Imiqathango yoLawulo lweziXhobo zokuSebenza iLifa leMveli eNtshona Koloni, 2002 | PN 336 yomhla wama-25 kweyeDwarha, 2002 | I-DCAS ililiso kwiHeritage Western Cape – igunya lezibonelelo zephondo elamiselwa ngokwe-NHRA – nelinika inkxaso yezolawulo nangemali kwi-HWC. U-MEC unoxanduva lokumisela igunya nokumisela iBhunga eliya kuba sesikhundleni ngokulandelelana. |
| Imiqathango yoLawulo lweZixhobo zokuSebenzaiLifa leMveli eNtshona Koloni, 2003 | PN 298 yomhla wama-29 kweyeThupha 2003 | DCAS ililiso kwiHeritage Western Cape – igunya lezibonelelo zephondo elamiselwa ngokwe-NHRA – nelinika inkxaso yezolawulo nangemali kwi-HWC. U-MEC unoxanduva lokumisela igunya nokumisela iBhunga eliya kuba sesikhundleni ngokulandelelana. |
| Umthetho i-Provincial Archives and Records Service of the Western Cape Act, 2005 | UMthetho 3 wama-2005 (INtshona Koloni) | Lo Mthetho umilisela iNkonzo yePhondo yeeAkhayivu neeRekhodi zeNtshona Koloni ukuba kugcinwe iirekhodi zoburhulumente nezingezozikarhulumente ezinexabiso lokuba zingasetyenziswa luluntu nabubuRhulumente; ukuzenza ezo rekhodi zifikeleleke; nokukhuthaza indlela oluzisebenzisa ngayo uluntu. |

| Umthetho wePhondo | Isalathisi | Inkcazelo |
|---|---|---|
| I-Museums Ordinance, 1975 | I-Ordinance 8 ka-1975 (IPhondo leKoloni) | I-DCAS inoxanduva lokukhawulelana nemimiselo yale Ordinance njengoko ichaphazela iimyuziyamu zephondo kwiNtshona Koloni. Umthetho omtsha wezeemyuziyam usayilwa ngokubonisana nabo bachaphazelekayo bathabatha inxaxheba |
| Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh) Ordinance, 1979 | I-Ordinance 11 ka-1979 (IPhondo leKoloni) | I-DCAS inoxanduva lokusebenzisa nokukhawulelana nemimiselo yale – Ordinance ukulawula imicimbi ye- Oude Kerk Volksmuseum eTulbagh |
| I-Ordinance emalunga neNkonzo yaMathala eencwadi eNtshona Koloni, 1981 | I-Ordinance 16 ka-1981 (IPhondo leKoloni) | I-DCAS inoxanduva lokusebenzisa inoxanduva lokusebenzisa nokukhawulelana nemimiselo yale –Ordinance ngokubhekiselele kumathala eencwadi ephondo akwiNtshona Koloni |

### *4.3 Izigunyaziso zomgaqo-nkqubo*

**UBUME BOMGAQO-NKQUBO WESIZWE**

Izicwangciso zesizwe ezingundoqo ezinqamlezileyo ezithi izicwangciso zeSebe zisabele sisiCwangciso seSizwe soPhuhliso kunye nesiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi (MTSF) 2015 – 2019. IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso sixhibe ekubhangiseni indlala nokunciphisa ukungalingani ngonyaka wama-2030 nokubonelela ngesicwangciso-nkqubo esibanzi seqhinga ukukhokhela ukukhetha okungundoqo nemisebenzi. Sithi thaca indlela elungeleleneyo nepheleleyo yokujamelana nendlala nokungalingani okusekwe kokujoliswe kuko okuthandathu, okuphambili olunxulunyanisiweyo okushwankathelwe apha ngasezantsi.

- Ukuhlanganisela bonke abemi boMzantsi Afrika kwenkqubo efanayo ukulungiselela ukufezekisa ubutyebi nobulungisa.
- Ukukhuthaza ubumi obusebenzayo ukuqinisa uphuhliso, idemokhrasi nokuthatyathwa koxanduva.
- Ukuzisa ukukhula okukhawulezileyo koqoqosho, utyalo-mali oluphezulu nokufakwa koninzi lwabaqeshwa emisebenzini.
- Ukunikwa kwengqwalasela kumakhono angundoqo abantu norhulumente.
- Ukwakhiwa korhulumente onekhono nophuhlayo.
- Ukukhuthazwa kobunkokheli obomeleleyo ngokuthi uluntu lusebenze kunye ukusombulula iingxaki.

Ukuhlanganisa konke abemi boMzantsi Afrika kwinkqubo efanayo, iNDP ichaza into yokokuba "ubugcisa nenkcubeko zivula amathuba anamandla engxoxo ngendawo uluntu oluzifumana lukuyo nalapho luya kuyo. Ngokukhuthazwa ngokufanelekileyo, amashishini oyilo nenkcubeko anakho ukunikela kakhulu kuphuhliso lwamashishini amancinane, kuyilo lwemisebenzi nophuhliso lwedolophu nohlaziyo ngokutsha."

Ukunika ingqwalasela kumakhono angundoqo abantu norhulumente, iNDP ichaza into yokokkuba "imidlalo idlala indima ebalulekileyo ekukhuthazeni impilo nolungelelwaniso lwentlalo." Imidlalo ebonwa njengomba onqamlezayo kwi-NDP, enikelayo kwimfundo, impilo nolwakhiwo lwesizwe.

UMbono 2030 wesiCwangciso seSizwe soPhuhliso ngokunjalo uchaza into yokuba ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli libonelela ngamathuba okunika ingqwalasela kwiziphumo ezingqamene nohambelwano/ubandakanyo lwentlalo nolwakhiwo lwesizwe.

Ngokuhambelana nesiCwangciso seSizwe soPhuhliso, urhulumente uphuhlise isiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi (MTSF) esiyilelwe ukukhokhela umgaqo-nkqubo neenkqubo kwisithuba seminyaka emihlanu sowama-2015 – 2019. IMTSF yibloko yokuqala yokwakha yeminyaka emihlanu ebhekiselele ekufezekisweni kwesiCwangciso seSizwe soPhuhliso iMTSF iqulathe iziphumo eziphambili ezili-14:

| | |
|---|---|
| **Isiphumo seSizwe 1** | Imfundo yesiseko elungileyo |
| **Isiphumo seSizwe 2** | Ubomi obude nobunempilo obulungiselelwe bonke abemi boMzantsi Afrika. |
| **Isiphumo seSizwe 3** | Bonke abantu eMzantsi Afrika bakhuselekile yaye baziva bekhuselekile |
| **Isiphumo seSizwe 4** | Ingqesho enesidima ngokusetyenziswa kokukhula okubandakanyayo |
| **Isiphumo seSizwe 5** | Abasebenzi abanamakhono ukulungiselela ukuxhasa indlela yokukhula ebandakanyayo |
| **Isiphumo seSizwe 6** | Uthungelwano lwezibonelelo zoqoqosho ezifanelekileyo, ezikhuphisanayo nezisabelayo |
| **Isiphumo seSizwe 7** | Uluntu lwasemaphandleni oluhlakaniphileyo, olunobulungisa, oluzinzileyo olubonelelayo ngokubhekiselele kukhuseleko lokutya olulungiselelwe wonke umntu |
| **Isiphumo seSizwe 8** | Ukuhlaliswa kwabantu okuzinzileyo nokuphuculwa kokulunga kobomi bamakhaya |
| **Isiphumo seSizwe 9** | UMasipala osabelayo, othwala uxanduva, ofanelekileyo nosebenzayo |
| **Isiphumo seSizwe 10** | Ukukhuselwa nokwandiswa kwempahla yokusingqongileyo yethu nezibonelelo zendalo |
| **Isiphumo seSizwe 11** | Ukuyilwa koMzantsi Afrika ongcono, iAfrika engcono nehlabathi elingcono |
| **Isiphumo seSizwe 12** | Inkonzo karhulumente efanelekileyo, esebenzayo nejolise kuphuhliso |
| **Isiphumo seSizwe 13** | Ukhuselo lwentlalo |
| **Isiphumo seSizwe 14** | Ulwakhiwo lwesizwe nolungelelwaniso lwentlalo |

Umnikelo weSebe kufezekiso lweZiphumo zeSizwe ezili-14 uhamba ngolu hlobo lulandelayo:

| ISIPHUMO SESIZWE | UMNIKELO WESEBE |
|---|---|
| 1 | Isahlulo esikhulu sohlahlo lwabiwo-mali lweSebe sichithwa ekuboneleleni iinkonzo zamathala eencwadi nokuthenga imathiriyeli yamathala eencwadi ukuxhasa ukuphuculwa kweziphumo zokufunda nokubhala.<br>INkqubo yeMOD ijolise kwimisebenzi eyenziwa kokuphuma kwesikolo elungiselelwe abantwana abasesesikolweni. Kukho ngokwakaloku nje amaZiko eMOD |

| | |
|---|---|
| | kwiPhondo ali-181 asekwe kwizikolo. Ukuthatyathwa kwenxaxheba ngabafundi kumaZiko eMOD kunceda ngokuhanjwa kakuhle kwesikolo ngabafundi, indlela yokuziphatha kwabafundi, intsebenziswano, ngokunjalo nokugcinwa kwabafundi benomdla wokuza esikolweni. Ngaphezulu, abafundi beZiko leMOD bafundiswa ngokusetyenziswa kwekharityhulam elungelelanisiweyo nezicwangciso zezifundo, eithi zijolise ngokunjalo kuphuhliso lwamakhono okuphila. |
| **2** | ISebe likhuthaza imisebenzi yolonwabo nemidlalo kwiPhondo. Ulonwabo nemidlalo lukhuthaza ingqiqo yokuzivuselela ngomthambo ubomi bakho bonke. |
| **3** | IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leSizwe leMidlalo noLonwabo (2012) liqaqambisa ukubaluleka kwemidlalo ngeenzame zokunciphisa ulwaphulo-mthetho.<br>INkqubo yeMOD ibandakanya ikharityhulam elungelelanisiweyo nezicwangciso zezifundo ezithi ngokunjalo zijolise kuphuhliso lwamakhono okuphila.<br>Abantwana abasesexabisweni lokuba sesikolweni bathabatha inxaxheba kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo kumaZiko eMOD asekwe kwisikolo, ngoko kuyilwa indawo ekhuselekileyo nobume ukulungiselela ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimisebenzi ezele lulonwabo, umdlalo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko ngokunjalo nemisebenzi yemfundo. |
| **4** | Ukubonelelwa ngemisitho engundoqo kukhuthaza ukhenketho lwemidlalo. ISebe lisebenza nemibutho emanyeneyo yezemidlalo kwiPhondo ethi ifumane inkxaso-mai yemisitho engundoqo, inkxaso-mali ephuhlisayo nolawulo.<br>INkqubo yeMOD inceda umntu ngamnye ngoveliso lwengeniso ethi iphucule ukulunga kwempilo yakhe. |
| **5** | Amathuba omsebenzi e-EPWP kumacandelo endalo nenkcubeko nentlalo ayanikezelwa. ISebe liququzelela amathuba omsebenzi kunye namathuba awahlukeneyo amaninzi olwakhiwo lwamakhono ngokusetyenziswa kweenkqubo ezijolise kumakhono afunyanwa lulutsha ukuququzelela ukungena kwalo kwimarike yomsebenzi. |
| **6** | IProjekthi yoThungelwano lwamaThala eencwadi asemaPhandleni iyamiliselwa kuwo onke amathala eencwadi. Iprojekthi iya kwandiswa ngokuqaliswa kwelungelo lokufumana ibroadband. |
| **7** | Amathala eencwadi amancinane asekiwe kwimimandla yasemaphandleni enabemi abambalwa ukulungiselela ukunikezela ngethuba lokufumana izibonelelo zamathala eencwadi kubemi basemaphandleni.<br>Iiklabhu kwimimandla yasemaphandleni ziyaxhaswa ngokusetyenziswa kweNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu. AmaZiko eMOD kunye namaZiko oLonwabo aseziFama kunye/okanye oLuntu nawo ngokunjalo akwimimandla yasemaphandleni ukubonelela ngeenkonzo zemidlalo nolonwabo kuluntu lwasemaphandleni. AmaZiko eMOD asemaphandleni abandakanyiwe ngokunjalo kwinkqubo yesondlo. |
| **8** | - |
| **9** | Inkqubo yoLawulo lweeRekhodi incedisa imibutho namaziko karhulumente, kuquka oomasipala, ekulawuleni iirekhodi nto leyo iphucula umgangatho wolawulo loxanduva lwawo nolawulo lweenkqubo zikarhulumente. |
| **10** | INkqubo yeMOD yekharityhulam ibandakanya ukufundiswa kwabafundi ukuhlonipha ubume bendalo. |

| | |
|---|---|
| **11** | - |
| **12** | Imidlalo nolonwabo kwiPhondo iqhutywa sisiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo yaye iinkonzo zinikezelwa ngothelelwano nemibutho yemidlalo neyentlalo kunye noomasipala. |
| **13** | - |
| **14** | ISebe likhuthaza ixabiso lomgaqo-siseko nemiqondiso yesizwe kuyo yonke imisitho yobugcisa yesizwe nenkcubeko nemidlalo, neentsuku zesizwe, ukuququzelela uthethwano loluntu, ukukhuthaza inkcubeko yethu nelifa lemveli, nokusebenzisa imidlalo nolonwabo ukukhuthaza ulungelelwaniso lwentlalo.<br>Ngokusetyenziswa kweenkonzo zoguqulelo nokutolika iSebe liyanikela ngokubhekiselele kulungelelwaniso lwentlalo ngokuphuculwa konxibelelwano.<br>Ngokusetyenziswa kweenkqubo zobugcisa nenkcubeko iSebe libonelela ngamathuba kulutsha oluvela kwiingingqi zoluntu ezahlukeneyo ukuba zinxi-belelane ze zifumane amakhono obugcisa nempilo kunye nolungelelwaniso lwentlalo.<br>Ulonwabo, iNkqubo yeMOD, nemisebenzi yeMidlalo yeZikolo eqhubekayo koomasipala abahlukeneyo ixhasa ngokulungileyo intlalo nonxibelelwano lolonwabo kwiingingqi zoluntu.<br>Amathala eencwadi asebenza njengendawo esembindini yokuhlangana yoluntu ekhuthaza nexhasa ubandakanyo lwentlalo.<br>Uluntu lutsho lwazi ngakumbi ngelifa lemveli lwalo ngokuhlola izinto ngezinto ezigcinwe kuvimba weenkcukacha ezibalulekileyo. |

**Le migaqo-nkqubo** yesizwe ilandelayo namaqhinga afanelekileyo ngokunjalo kwisigunyaziso somgaqo-nkqubo weSebe:

| UMqaqo-nkqubo | Inkcazelo |
|---|---|
| **IMigaqo-nkqubo kaZwelonke** | |
| IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kuZwelonke kwezoBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli(1996) | Iphepha lomgaqo-nkqubo landlala isikhokelo somgaqo-nkqubo wephondo sezobugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli kunye neenkonzo zamathala eencwadi noLondolozo lwembali yakudala ebalulekileyo. |
| Uyilo lwePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo eliHlaziyiweyo loBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli (2013) | Olu xwebhu luyiliweyo lubonelela ngohlaziyo lwePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo lowe-1996 elilungiselelwe icandelo lobugcisa, lenkcubeko nelelifa lemveli yaye lichongelwe, nje ukuba ligqitywe, ukuba sisiseko semigaqo-nkqubo yesizwe nephondo elungiselelwe ubugcisa, inkcubeko, amagama eendawo, iimyuziyam, iinkonzo zamathala eencwadi noovimba ngokwezigunyaziso zomgaqo-siseko zamasebe karhulumente. |
| UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekodi (Imanyuwali yoMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi, 2007) | Olu xwebhu lulawula imida ethile ekumaqumrhu orhulumente ukuba kufuneka asebenze ngokolawulo lweerekhodi zabo nangendlela elujonge ngayo ulawulo lweerekhodi zamaqumrhu orhulumente eNtshona Koloni i-DCAS |
| Ukulawula iiRekhodi ezikwiElektronikhi kuMaqumrhu oRhulumente; uMgaqo-nkqubo, iMithetho-siseko neMimiselo (2006) | UMgaqo-nkqubo unika isikhokelo kumaqumrhu orhulumente ukuwabceda ekubeni akwazi ukuthobela imimiselo yomthetho malunga neerekhodi ezikwielektronikhi neziyinxalenye ebalulekileyo yolawulo lwemithombo yeerekhodi. I-DCAS kufuneka ingqinelane nemimiselo ebekiweyo nesebenzayo ekwimigangatho kazwelonke neyehlabathi ngokumayela ne-hardware, isoftware nokugcinwa kweengcombolo zovimba wolondolozo. |
| IziBhengezo ze-Indaba emalunga nezeMidlalo nezoLonwabo(2011) | Oku kumisela ukuba i-DCAS ingqamanise iinjongo eziphambili kunye negunya-qhinga loniko-nkcazo elicacisa ngombono wezemidlalo nolonwabo de ibe ngowama-2020. |

| UMqaqo-nkqubo | Inkcazelo |
|---|---|
| ISicwancgsio sezeMidlalo noLonwabo sikaZwelonke (2012) | IsiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP) sichaza umbono wezemidlalo nolonwabo eMzantsi Afrika de ibe ngowama-2020. |
| IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leSizwe malunga neMidlalo noLonwabo (2012) | Umgaqo-Nkqubo ubalula ezi zinto zilandelayo:<br>• Ukukhulisa amanqanaba okuthatha inxaxheba kwimidlalo nolonwabo<br>• Ukuphakamisa ixabiso lemidlalo kukruthwa-kruthwano lwemiba etshisa ibunzi<br>• Ukuzama ukukhulisa impumelelo yeminyhadala emikhulu<br>• Ukwenza ezemidlalo umzamo ophambili ukunciphisa ulwaphulo-mthetho.<br>• Lulonke uxanduva lwezemidlalo nolonwabo luyimhemhe yeSRSA |
| ISikhokelo soMgaqo-nkqubo se- Government-wide Monitoring and Evaluation Policy System 2007 | Injongo yoBeko liso ebanzi kaRhulumente noVandlakanyo – ebizwa ngokuba yi-Government-wide Monitoring and Evaluation (GWM&E) System kukwenza igalelo lokuphucula ulawulo lwequmrhu nokuphucula ukusebenza kakuhle kwamacandelo namaqumrhu azimeleyo. Olu xwebhu lubonisa ukuxanda kwesikhokelo somgaqo-nkqubo wobeko-liso novavanyo (M&E) eMzantsi Afrika. Lukhuthaza iziphumo ezigxile kwezolawulo. |
| IPhepha loGayo-zimvo malunga no noBeko-liso kuLawulo noVavanyo lwendlela yokuSebenza (2009) | Olu xwebhu lujoliswe ekubeni amagosa orhulumente akwazi ukusebenza kwaye igunya elilawulayo likwazi ukugxila ekuphunyezweni kweziphumo nasekuveliseni indima ebonakalayo ekhankanyiweyo kwisikhokelo i Medium Term Strategic Framework (MTSF). Oku kwenzelwe injongo yokukhuthaza onke amanqanaba ukuba enze umsebenzi omhle nosemgangathweni lisebe nangabantu. |
| Izikhokhelo zaMasebe kaZwelonke nePhondo eziLungiselelwe uLungiselelo lwesiCwangciso-nkqubo seM&E | Ezi zikhokelo zibonelela ngophuhliso lwesicwangciso-nkqubo sokubekwa kweliso novavanyo kuwo onke amaziko karhulumente. Zisetyenziselwa ukuba zisetyenziswe njengezixhobo zokuvavanya inkqubela phambili yamaziko ithelekiswa neenjongo zawo ezichaziweyo. Le nkqubo idinga amasebe ukuba abe nengqiqo ebanzi yazo zonke iinkqubo zenkcukacha zolwazi zolawulo, iiseti neenkcukacha zolwazi zolawulo nemiqondiso yendlela yokusebenza. Imiqondiso kufuneka inxulunyaniswe kwizigunyaziso zomgaqo-nkqubo yaye uhlahlelo lweseti zemiqondiso kufuneka luqhubeke ukuqinisekisa ubudlelwane besizathu nomphumela, apho ikhoyo. |
| i-Expanded Public Works Programme (EPWP) | IziCwangciso zokuSebenza ze-EPWP zeCandelo lezeNtlalo (Imidlalo) neCandelo lezokusiNgqongileyo neNkcubeko (IMicimbi yeNkcubeko) imisela ukuba i-DCAS isebenzise icandelo lobonelelo ngemali ukunciphisa nokucutha intswela-ngqesho. |

| Amaqhinga | Inkcazelo |
|---|---|
| **Amaqhinga kaZwelonke** | |
| IGranti eneMiqathango: yeNkqubo yokuXhobisa aMathala eencwadi kwakhona ukuphucula iinkonzo zethala leencwadi loluntu | I-DCAS inoxanduva kwanokulawula le projekthi yeGranti yeNtshona Koloni ngempumelelo. |
| IQhinga loQoqosho loMzantsi's Golden | I-DCAS inoxanduva lokumilisela, ngentsebenziswano neSebe leSizwe loBugcisa neNkcubeko namanye amaqabane nabachaphazelekayo abangundoqo, ukulungiselela amangenelo angundoqo athiwe thaca kwiqhinga leNtshona Koloni. IQhinga, elijolise kumashishini oyilo nenkcubeko, lixhibe ekunikeni ingqwalasela yokokuba ubugcisa, inkcubeko necandelo lelifa lemveli libe liliza neenguqu yaye libe leliyilayo yaye igalelo likarhulumente libe kukuyila ubume ubuncedayo nenkxaso kwicadelo ukuze lisebenze ngokupheleleyo. |
| UMda ekuJoliswe kuwo: IQela elinoXanduva eliHlanganyelayo leMidlalo yeZikolo lePhondo (2012) | I-DCAS inikwe umsebenzi yi-SRSA naliSele leSizwe leMfundo esiSIseko ukuba imisele iQela eHlanganyelweyo leMidlalo yeZikolo lePhondo ukuba ibe lilo eliliso, umnxulumansi nomfezekisi weqhinga lezemidlalo, kwanokuqinisekisa ukuba izikolo ziyabandakanyeka emidlalweni. |

| Amaqhinga | Inkcazelo |
|---|---|
| Izikhokelo zokumiselwa kweKomiti ezijongene neKhowudi yeKomiti ukuxhasa iMidalo yeZikolo (2013) | I-SRSA kunye neSebe leMfundo lizisa iZikholeko ezisiSiseko ezicacisa ngezikhokelo zokumisela ikomiti ejongene nekhowudi yemidlalo ngokukodwa eyezikolo eseketheni, kwisithili nakwiphondo. I-DCAS ixhasa iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED)ekunxulumaniseni imidlalo ephathelelene nemidlalo eyahlukeneyo ezikolweni. Iikomiti ezijongene nonxulumaniso lwemidlalo ethile kufuneka zinike ingxelo kwiimanyano zemidlalo ezichaphazelekayo. |

**UBUME BOMGAQO-NKQUBO WEPHONDO**

Imisebenzi yeSebe kufuneka usoloko ulungelelaniswa nale migaqo-nkqubo yephondo ilandelayo nezicwangciso:

- One Cape 2040
  IsiCwangciso seQhinga sePhondo 2015 – 2019

Umbono owaziwa njengeOneCape 2040 ngumbono: *woLuntu Lonke oluXhotyiswe ngaMakhono, oluqhutywa yiNguqu, oluSebenzisa iziBonelelo ngokuFanelekileyo, oluHlangeneyo,* olunamaThuba amaninzi. IOneCape 2040 yinzame yokuvuselela inguqulelo ebhekiselele kwikamva loqoqosho elibandakanyayo nelixhathisayo elilungiselelwe ingingqi yeNtshona Koloni ngokusetyenziswa kwe-ajenda yenguqu yoqoqosho yexesha elide, kujoliswe ngqo kwimimandla emithandathu ukulungiselela ukuqhuba inguqu, kunye neendima noxanduva lwabachaphazelekayo abahlukeneyo. Ezi nguqu zintandathu zezi zilandelayo:

| | |
|---|---|
| **IKapa elifundisayo** | • Wonke umntu uya kufundiswa ngokufanelekileyo ukulungiselela ithuba kumaZiko ezinto eziphilileyo, oyilo, enguqu yenzululwazi nentlalo |
| **IKapa elishishinayo** | • Nawuphi na umntu ofuna ukuvuseleleka ngoqeqesho unakho ukusebenza kwiindawo zoshishino azikhetheleyo |
| **IGreen Cape** | • Iinkonzo zamanzi, zamandla nenkunkuma zinikezela ngozinzo |
| **IConnecting Cape** | • Uluntu olwamkelayo, oluhlangeneyo nolubandakanyayo<br>• Indawo yentlango yehlabathi neqhagamshelana neemarike ezintsha |
| **ILiving Cape** | • Ubumelwane needolophu ezihlalekayo, ezingenekayo, nezithwala uxanduva<br>• Ngokomlinganiselo yenye yeendawo ezibalulekileyo yokuhlala kwihlabathi |
| **ILeading Cape** | • Ubunkokeli obuzingcayo obunoxanduva lwentlalo kuwo onke amanqanaba<br>• Amaziko akumgangatho wehlabathi. |

Umnikelo weSebe kufezekiso kwiajenda yenguqulelo yeOneCape 2040 injengoku kulandelayo:

| Inguqulelo yeOneCape 2040 | Umnikelo wesebe |
|---|---|
| **I-Educating Cape** | ISebe libonelela ngeenkonzo zamathala eencwadi nangemathiriyeli efanelekileyo yethala leencwadi ngenkxaso yokuphucula iziphumo zemfundo. Apho kufanelekileyo, injongo entlangatho-mbini yamathala |

| | |
|---|---|
| | eencwadi ayasekwa kwizikolo ukulungiselela ukunceda abafundi kunye noluntu ngokubanzi.<br><br>INkqubo yeMOD ixhasa ngokunjalo ixhasa ukuphuculwa kweziphumo zemfundo. Ngokwakaloku nje kukho amaZiko eMOD ali-181 asekwe kwisikolo kwiPhondo. Ukuthatyathwa kwenxaxheba kumaZiko eMOD kunceda kuzinyaso lwezikolo ngabafundi, kwindlela yokuziphatha kwabafundi, kwintsebenziswano, ngokunjalo nokugcina abafundi benomdla ekuyeni esikolweni. KwiZiko leMOD abafundi bafundiswa neKharityhulam eIngelelanisiweyo nezicwangciso zezifundo, ezithi zijolise ngokunjalo kuphuhliso lwamakhono. INkqubo eyaziwa njengeYear Beyond iya kumiliselwa ngokunjalo kumaZiko eMOD ukunceda abafundi abasafundayo. |
| **I-Enterprising Cape** | Onke amathala eencwadi aqhagamshelwe kwi-Intanethi ngeProjekthi yoThungelwano lwamaThala eeNcwadi aseMaphandleni. Oku kunceda uluntu, kubandakanywa nabafuna imisebenzi noosomashishini abangakho, ukuba bafumane i-intanethi ngokulula.<br><br>INkonzo yooVimba ibonelela ngeenkqubo zokunceda kwizikolo ingakumbi ngeenkqubo zokunceda kwizikolo ingakumbi ngeVeki yeSizwe yooVimba ukulungiselela ukufundisa abafundi ngexabiso loovimba.<br><br>Amathuba omsebenzi e-EPWP kumacandelo ezendalo nawenkcubeko nawentlalo anikezelwe. ISebe liququzelela amathuba omsebenzi ukulungiselela iinkqubo ezizizo ezijolise kukufunyanwa kwamakhono lulutsha ukuququzelela ukungena kwabo kwimarike yomsebenzi.<br><br>Ukuchongwa kwetalente yemidlalo nophuhliso kuncedwa ngokunikezela abathathi-nxaxheba ilungelo lokufumana amathuba akwelinje inqanaba. |
| **IGreen Cape** | ISebe liya kuqhubeka ukumilisela uLawulo lokuQulathiweyo kuShishino (ECM) ngenkxaso yokuyila ubume bomsebenzi ekungasetyenziswa maphepha.<br><br>Ikharityhulam yeNkqubo yeMOD ibandakanya ukufundisa abantwana ukubahlonipha ubume bendalo. |
| **IConnecting Cape** | Ubonelelo lweenkonzo zoguqulelo nokutolika kumasebe karhulumente lunikezela kuyilo lolwamkelo, oluhlangeneyo nobandakanyo loluntu.<br><br>Ngokusetyenziswa kweVeki yoBugcisa, iSebe lihlanganisa kunye bonke abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo namaqabane ukuququzelela ulwabiwo lwezibonelelo, ingcaciso nolwazi nokuyila amathuba aya kuba luncedo kumntu ngamnye nakuluntu.<br><br>Onke amathala eencwadi aqhagamshelwe kwi-intanethi ngeProjekthi yoThungelwano lwamaThala eencwadi aseMaphandleni yaye ilinge leBroadband loRhulumente weNtshona Koloni.<br><br>Ukhuphiswano, iminyhadala nemiboniso eququzelelwe liSebe luhlanganisa uluntu kwinqanaba lengingqi nakulo lonke iPhondo leNtshona Koloni.<br><br>Ukubonelelwa kwemisitho engundoqo kukhuthaza ukhenketho lwemidlalo. ISebe lisebenza nemibutho ehlangeneyo yemidlalo kwiPhondo ethi ifumane inkxaso-mali kwimisitho engundoqo, inkxaso-mali yophuhliso nolawulo. |
| **ILiving Cape** | ISebe liyila ilungelo lokungenela ulonwabo lwabo bonke, imidlalo, ubugcisa namathuba enkcubeko ukulungiselela abahluphekileyo nababevinjwe amathuba ngaphambili namathuba kwinqanaba elilandelayo ukulungiselela abathathi-nxaxheba abafanelekileyo abanetalente nekhono. Amathuba engqesho kumaziko awahlukeneyo kunye nemisebenzi yendlela yokuphila esempilwei enikezelwa kuluntu akho kubemi bezo ngingqi zisondeleyo needolophu. |

Ngaphezulu, isiCwangciso seQhinga sePhondo lululwe lweenjongo zeqhinga ezingxabalazileyo ukulungiselela uRhulumente weNtshona Koloni, ukuthi thaca iziphumo ezicacileyo ekufuneka zifezekiswe kwisithuba esiphakathi. Ezi njongo zibonisa iimfuno nokuphambili kuRhulumente weNtshona Koloni yaye zisetyenziselwa ukuqhuba ukwenziwa komsebenzi okuhlangeneyo nokuphuculweyo kulo lonke icandelo likarhulumente kwiNtshona Koloni.

IiNjongo zeQhinga zePhondo ezilungiselelwe owama-2015 ukuya kowama-2020 zezi:




| **INJONGO YEQHINGA 1:**<br>**Ukuyila amathuba okukhula nemisebenzi** | **INJONGO YEQHINGA 2:**<br>**Ukuphucula iziphmo zemfundo namathuba okuphuhliswa kolutsha** | **INJONGO YEQHINGA 3:**<br>**Ukwandisa impilo, ukhuselo nokujongana neenkohlakalo zentlalo** | **INJONGO YEQHINGA 4:**<br>**Ukunceda ubume bokuphila obomeleleyo, obuzinzileyo, obulungileyo nokubandakanyayo** |
|---|---|---|---|
| **INJONGO YEQHINGA 5: Ukondelelisa ulawulo olulungileyo nonikezelo lwenkonzo oluhlangeneyo ngothelelwano nolungelelwaniso lwesithuba** | | | |

Iinkqubo zeSebe namalinge ayasabela kwiinjongo zePhondo zeQhinga ngolu hlobo lulandelayo:

| PSG | UMNIKELO WESEBE |
|---|---|
| PSG 1 | Ngokusetyenziswa kweenkqubo ezahlukeneyo zemidlalo nolonwabo, iSebe liyila amathuba omsebenzi ukulungiselela abantu abakwingingqi yalo. Oku kubandakanya iinkqubo ezifana neNkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba nguWonke-wonke kwiMidlalo yeSikolo, iNkqubo eyaziwa ngokuba yiSiyadlala Community Mass Participation Programme, iNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu, iNkqubo yeZikolo kunye neNkqubo yeMOD.<br><br>Ukubonelelwa kwemisitho engundoqo ikhuthaza ukhenketho lwemidlalo. ISebe lisebenza nemibutho ehlangeneyo yemidlalo kwiPhondo ethi ifumane inkxaso-mali kwimisitho engundoqo, inkxaso-mali yophuhliso nolawulo.<br><br>Ilungelo lokufumana i-intanethi linikezelwe kuluntu kumathala eencwadi oluntu njengenxalenye yelinge leBroadband. |
| PSG 2 | Amathala eencwadi akhuthaza ukufunda nokufundisa yaye uphando lubonakalisa into yokuba ukusetyenziswa kwamathala eencwadi oluntu anakho ukukhokhelela kwiziphumo zokufunda eziphuculweyo okanye kumanqanaba emfezeko. Ukusetyenziswa kwamathala eencwadi kukhokhelela kanjalo kumanqanaba awandisiweyo okufunda nobuchule bengcaciso.<br><br>INkqubo yeMOD ixhasa ngokunjalo ukuphuculwa kweziphumo zemfundo. Ngokwakaloku nje kukho amaZiko eMOD ali-181 asekwe kwisikolo kwiPhondo. Ukuthatyathwa kwenxaxheba kumaZiko eMOD kunceda kuzinyaso lwezikolo ngabafundi, kwindlela yokuziphatha kwabafundi, kwintsebenziswano, ngokunjalo nokugcina abafundi benomdla ekuyeni esikolweni. KwiZiko leMOD abafundi bafundiswa neKharityhulam elungelelanisiweyo nezicwangciso zezifundo, ezithi zijolise ngokunjalo kuphuhliso lwamakhono. INkqubo eyaziwa njengeYear Beyond iya kumiliselwa ngokunjalo kumaZiko eMOD ukunceda abafundi abaseseskolweni. |
| PSG 3 | Uthethwano oluphuculweyo ngokusetyenziswa kweelwimi ezisesikweni ezintathu kunye noLwimi lokuthetha ngezandla (Sign Language) loMzantsi Afrika lubonelela ngobandakanyo lwentlalo. Ngokusetyenziswa kweenkqubo zophuhliso kubugcisa iSebe libonelela ulutsha ngezinye izinto ukuvuselela umdla nokuluchanaba kwimisebenzi enentsingiselo.<br><br>Iimyuziyam nezibonelelo zecandelo zelifa lemveli zinikela kwimpilo yoluntu nokubandakanywa kwentlalo ngokuyilwa kokuzingca kokudluleyo nokuziva ubandakanyeka kuluntu ngokwenza njalo unikele kwisisombululo sokuphazanyiswa kwentlalo.<br><br>Amathala eencwadi anikezela ngelungelo lokufumana ingcaciso yempilo yaye anakho ngoko ukwandisa ulwazi kwimiba yempilo.<br><br>ISebe likhuthaza impilo nempilo-ntle ngokusetyenziswa kweenkqubo ezahlukeneyo zolonwabo, zemidlalo, zobugcisa nenkcubeko, eziqalele kwiinkqubo ezilungiselelwe abancinane ukuya kwiinkqubo ezilungiselelwe abasele bekhulile.<br><br>IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leSizwe leMidlalo noLonwabo (2012) liqaqambisa ukubaluleka kwemidlalo ngeenzame zokunciphisa ulwaphulo-mthetho.<br><br>INkqubo yeMOD ibandakanya ikharityhulam elungelelanisiweyo nezicwangciso zezifundo ezithi ngokunjalo zijolise kuphuhliso lwamakhono okuphila.<br><br>Abantwana abasesexabisweni lokuba sesikolweni bathabatha inxaxheba kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo kumaZiko eMOD asekwe kwisikolo, ngoko kuyilwa indawo ekhuselekileyo nobume ukulungiselela ukuthatyathwa kwenxaxheba kwimisebenzi ezele lulonwabo, umdlalo, ulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko ngokunjalo nemisebenzi yemfundo. Kwimeko yabafundi abasafundayo uninzi lwabo babonelelwa ngamathuba okuthabatha inxaxheba kwimisebenzi elungileyo yasemva |

| | |
|---|---|
| | kokuphuma kwesikolo. Oku ngoko kunciphisa ukuchanatywa kulwaphulo-mthetho nobunye ububi bendlalo, ngeli thuba babonelelwa ngokunjalo ngendawo ekhuselekileyo apho bangadlala khona kunye/okanye benze umsebenzi wasekhaya.<br><br>ISebe likhuthaza imisebenzi yolonwabo nemidlalo kwiPhondo. Ulonwabo nemidlalo ikhuthaza imithetho yokuzigcina ngomthambo ubomi bonke. Iinkqubo zolonwabo nemidlalo ziyabandakanya ngokwentlalo yaye ngokubanzi zijolise ekulungiseni ukungalingani okukhoyo. Ibonelela ngokunjalo ngokubandakanyeka okusekwe kusapho lulonke. |
| **PSG 4** | ISebe likhuthaza ixabiso lomgaqo-siseko nemiqondiso yesizwe kuyo yonke imisitho yobugcisa yesizwe nenkcubeko nemidlalo, neentsuku zesizwe, ukuququzelela uthethwano loluntu, ukukhuthaza inkcubeko yethu nelifa lemveli, nokusebenzisa imidlalo nolonwabo ukukhuthaza ulungelelwaniso lwentlalo.<br><br>Ukulondolozwa kwelifa lemveli yinxalenye yocwangciso nolawulo lophuhliso nezibonelelo zentlalo. Ngoko ke iSebe ngothelelwano noomasipala lixhibe ngokuqinisekisa ngento yokuba ilifa lemveli lihlanganiswe kwisicwangciso nophuhliso lwedolophu nengingqi.<br><br>Ilungelo lokufumana amathala eencwadi kawonke wonke abelana ngendawo karhulumente kuluntu lixhasa ubandakanyo lwentlalo nokubandakanywa koluntu. Amathala eencwadi amancinane asekiwe kwimimandla yasemaphandleni enabemi abambalwa ukulungiselela ukunikezela ngethuba lokufumana izibonelelo zamathala eencwadi kubemi basemaphandleni.<br><br>Iiklabhu kwimimandla yasemaphandleni ziyaxhaswa ngokusetyenziswa kweNkqubo yoPhuhliso lweKlabhu. AmaZiko eMOD kunye namaZiko oLonwabo aseziFama kunye/okanye oLuntu nawo ngokunjalo akwimimandla yasemaphandleni ukubonelela ngeenkonzo zemidlalo nolonwabo kubemi bezo ngingqi zoluntu.<br><br>Ukhuphiswano, iminyhadala nemiboniso eququzelelwe liSebe luhlanganisa uluntu kwinqanaba lengingqi nakulo lonke iPhondo leNtshona Koloni.<br><br>Ingqesho yabasebenzi kumaziko omsebenzi awahlukeneyo inceda abantu ngemveliso yengeniso ethi iphucule ubomi babo. |
| **PSG 5** | ISebe libonelela ngeenkonzo zolawulo lwerekhodi ukulungiselela uRhulumente weNtshona Koloni.<br><br>ISebe liyaqhubeka linxibelelana noomasipala ukulungiselela ukubonelela ngeenkonzo zamathala eencwadi kuluntu.<br><br>Unikezelo lweenkonzo zemidlalo nolonwabo zeSebe lubandakanya amasebe karhulumente ngokunjalo nemibutho yoluntu lubandakanya amacandelo amaninzi yaye lusekwe kuthelelwano.<br><br>ISebe lithabatha inxaxheba kucwangciso olwenziwa kunye nomasipala ngokusetyenziswa kwenkqubo ye-IDP Indaba. |

Le migaqo-nkqubo namaqhinga ephondo ilandelayo iyasebenza ngokunjalo kwisigunyaziso somgaqo-nkqubo weSebe:

| **IMithetho yePhondo** | |
|---|---|
| Umgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni (PN 369, 27 Novemba 2001) | I-DCAS njengalo naliphina isebe kwiphondo, imelwe kukusebenzisa umgaqo-nkqubo ngokwamacandelo. Ukongeza, iSebe linikwe umsebenzi weenkonzo zenkxaso yokusetyenziswa kolwimi kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngokusebenza iyunithi yokusetyenziswa eSentrali. |
| UMgaqo-nkqubo woBonelelo ngeMali wezoBugcisaneNkcubeko (2009) | Olu xwebhu lunika isikhokelo ngendlela yokwaba imali eyinkxaso phakathi kwemibutho yenkcubeko |

| | |
|---|---|
| Izikhokelo zokuxhaswa kwezeMidlalo noLonwabo ngemali(2012) | Olu xwebhu lunika isikhokelo ngendlela yokwaba imali eyinkxaso phakathi kwemibutho yenkcubeko |
| Umgaqo-nkqubo wokuThiywa nokuThiywa ngokutsha kweeMbonakalo zeNdawo (2015) | Umgaqo-nkqubo uthi thaca iinqobo ezisesikweni emazithathelwe ingqalelo kunye neenkqubo emazilandelwe yi-DCAS kunye neKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni xa iququzelela yaye ithethana nabachaphazelekayo noluntu malunga nokubekwa emgangathweni, kokuthiywa ngokutsha, okanye iinguqu kumagama asele ekho endawo. La maqumrhu anika ingcebiso kwiSouth African Geographical Names Council kunye noMphathiswa weSizwe woBugcisa neNkcubeko. |
| I Province-wide Monitoring and Evaluation System (2009) | Olu xwebhu lusebenza njengento ekhawulelana nenkqubo yorhulumente iGovernment – wide Monitoring and Evaluation System. Injongo kukuphucula ulawulo lwequmrhu nokunika ingxelo yolawulo lwephondo ngokunika inkxaso; ukuze kwenziwe izigqibo zokwenziwa komgaqo-nkqubo okwokufezekisa inguwo nosekelezwe phezu kobungqina; ukuphuculwa komgaqo-nkqubo nokusetyenziswa kwezibonelelo ngendlela efanelekileyo |
| UMgaqo-nkqubo ojongene neeMyuziyamu weNtshona Koloni (2013) | Lo mgaqo-nkqubounika umntu ngamny e noluntu ngokubanzi ukuba makolathe kwaye alondoloze iimyuziyam eNtshona Koloni.Wenza nesiphakamiso sesikhokelo somthetho omtsha wephondo omayela nemyuziyam oya kungena endaweni ye-Ordinance yemyuziyam (Cape Province), 1975. |

| **Amaqhinga okusebenza ePhondo** | |
|---|---|
| Isikhokelo seMidlalo seZikolo (2013) | Olu xwebhu lweDCAS lunika isikhokelo kwabo bathabatha inxaxheba ngokuthobela/nokungqinelana nomgaqo-nkqubo wezeMidlalo nesiCwangciso wemidlalo eyahlukeneyo yezikolo kunye nesiCwangciso sikaZwelonke sezeMidlalo noLonwabo. |
| Iqhinga loPhuhliso loHlobo lobuGcisa (2008) | Olu luza nesikhokelo sophuhliso, ukukhuthaza nokulondoloza ezobugcisa eNtshona Koloni. |
| IsiCwangciso-nkqubo soLwaluko noMnqophiso weNtshona Koloni (2014) | Isicwangciso-nkqubo sinikezela ngesikhokhelo kwindlela yentlalo yolwaluko kwimibutho yengingqi yentlalo, koomasipala nabanye oogunyaziwe. |
| IsiCwangciso-nkqubo seMbali yoMlomo seNtshona Koloni (2015) | Esi sicwangciso-nkqubo sinikezela ngezikhokhelo eziphantsi nemigangatho enesidima ekufuneka zilandelwe xa kuqhutywa uthethwano lwembali yomlomo kubasebenzi beDCAS namaziko amanyeneyo asebenza kummandla wembali yomlomo. |
| Isicwangciso-nkqubo sokumatsha/sokuhamba soNyaka seNdlela nokhuphiswano (2012/13) | Sibonelela ngezikhokhelo kwizinto nepesenti eyabelwe uhambo lonyaka lwendlela nokhuphiswano lweMinstrels, iiKwayala zeKrisimesi neMalay. |
| IQhinga lePhondo kwiMisitho yowama-2011 | ISebe liya kukhuthaza kwakhona imisitho yemidlalo kwiPhondo ngokuhambelana neQhinga lePhondo kwiMisitho ukulungiselela ukwandisa ukhenketho lwemidlalo nokuququzelela izibonelelo zoqoqosho ezilungiselelwe iPhondo. |

**UBUME BOMGAQO-NKQUBO WECANDELO**

Indibano yesizwe yocwangciso yeqhinga, ejolise kuvavanyo ngokutsha lwePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo loBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli (1996), isithuba esidlulileyo seofisi (2010 – 2015) kunye nothethwano kwicandelo ngokubanzi lobugcisa, lenkcubeko nelifa lemveli ekuqaleni kowama-2014 ibonelela ngesiseko sesikhokhelo seqhinga esitsha ukulungiselela icandelo kwisithuba esifutshane, esiphakathi nesixesha elide lisekwe, phakathi kwezinye izinto, kwiNgqungquthela yeUNESCO elungiselela uKhuseleko neNkuthazo yeYantlukwano yeeNkcazelo zeNkcubeko (2005) nesiCwangciso-nkqubo seUNESCO esilungiselelwe iiNkcukacha zaManani eNkcubeko (2009). Zombini ezi zixhobo zehlabathi ziziseko zePhepha eliHlaziyiweyo leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo woBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli (2013) ngokunjalo neMzansi’s Golden Economy Strategy (2011). Oku kuya kuba nefuthe kwindlela elinxibelelana ngayo icandelo nawo onke amasebe awahlukeneyo karhulumente. Inkqubo yeMGE yindlela yeqhinga yotyalo-mali – ejolise ekuvuseleleni ibango, ukwakha abaphula-phuli, ukuphuhlisa abasebenzi nokutyala imali kuphando, nokubeka iliso nokuvavanya umnikelo wecandelo kuqoqosho.

Uyilo lwePhepha eliVavanywe ngokutsha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo woBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli (2013) leSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko elijolise kuhlaziyo lombono karhulumente wesizwe olungiselelwe ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli, kubandakanywa amashishini enkcubeko noyilo. UVavanyo ngokutsha lilinganisa ngendlela yokwenza kwisigunyaziso zenkcubeko seUNESCO, evelisa imigaqo-nkqubo nemisebenzi ethi ibonakalise into yokokuba icandelo lobugcisa, lenkcubeko lelelifa lemveli, kuwo onke amacandelo alo, licandelo elibalulekileyo lesiseko sophuhliso oluzinzileyo. NjengeCandelo lomsebenzi, ngokusetyenziswa kwelifa lemveli elibambekayo nelingabambekiyo, amashishini oyilo neentlobo ezininzi zembonakalo yobugcisa, inkcubeko ngumnikeli onamandla kuphuhliso loqoqosho, kuzinzo lwentlalo nokhuseleko lwendalo. Njengomthombo wolwazi, iintsingiselo neenqobo ezisesikweni ezithi zityhutyhe yonke imiba yobomi bethu, inkcubeko ngokunjalo ichaza indlela abantu abaphila ngayo nabanxibelelana ngayo kwinqanaba lengingqi nelehlabathi.

Lo mbono ukwiPhepha eliVavanywe ngokuthi leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo uxhaswe ngaphezulu ziinkqubo zothethwano ezininzi nentlanganiso nabathabathi nxaxheba nabachaphazelekayo ezithe zaqhubeka ukususela ngowama-2010. Umbono walo ukudlula le ukubandakanywa kwentlalo. Ixhibe ukutyebisa umphefumlo wesizwe sethu yaye usekwe phezu kwenkolo eyomeleleyo yokokuba ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli lidlala indima ebalulekileyo kuxhotyiso loqoqosho, kuphuhliso lwamakhono nophuhliso oluzinzileyo.

Ulungelelwaniso oluqikelelweyo lwecandelo kunye namaziko ekunxulunyenwe nawo ukulungiselela umsebenzi ofanelekileyo nolondoloza iindleko othiwe thaca kwiPhepha eliVavanywe ngokutsha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo luya kuqalisa kwisithuba sowama-2015 – 2020. Licebisa into yokokuba olu lungelelwaniso lunakho ngokunjalo ukuba nefuthe kwiindlela zephondo yaye linokudinga uvavanyo ngokutsha lwamacandelo asele ekho nemisebenzi kuwo onke amasebe karhulumente kunye nefuthe kubudlelwane nothelelwano namacandelo anxulumeneyo, afana nokhenketho, imfundo nemidlalo nolonwabo.

Ngokubhekiselele kwimidlalo nolonwabo, kwisithuba sowama-2015-2019 iSebe linike ingqwalasela ekuncediseni imiba echongiweyo kwisiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo, efana nokusekwa kwamaziko emfundo, ngokunjalo nophuhliso lweklabhu ukulungiselela injongo yolwakhiwo lobandakanyo lwentlalo.

Ukulungiselela ukunceda iMidlalo yoMzantsi Afrika ukuba ifezekise iinjongo zayo zokuba sisizwe esinovuseleleko nesiphumelelayo iyimfuneko into yokokuba kubekho uluhlu loncedo lweqhinga olucwangcisiweyo. Obu bume buncedayo bufunekayo buthi bunike intsingiselo kumaxhadi amabini (ukuphumelela nesizwe esivuselelekileyo) iNSRP equlunqwe ngoncedo lweqhinga olulu-14 olulolu:

1. Amaziko
2. Iiklabhu
3. Amabhunga eMidlalo
4. IKomishini yemidlalo
5. IKomishini yabaqeqeshi
6. Abalawuli neeKomishini zamagosa obuchule
7. Inkqubo yesikolo
8. Indlu yezemidlalo
9. Iziko lengcaciso yemidlalo
10. Imfundo noqeqesho
11. Amavolontiya
12. Ubudlelwane bamazwe ehlabathi
13. Izibonelelo zemali
14. Usasazo lwemidlalo nabanikeli

**UBUME BOMASIPALA**

Ukulungiselela ukukhuthaza ukucwangcisa nokumilisela koorhulumente, nokuqinisekisa ngonikezelo lwenkonzo oluzinzileyo noluhlangeneyo, iLinge loCwangciso eliHlanganeyo (JPI) eliqulunqwe ngokuphambili ekuvunyelwene ngako nguRhulumente weNtshona Koloni ngokusetyenziswa kwePSP namalinge ecandelo lesebe kunye neziCwangciso zoPhuhliso oluHlanganeyo loomasipala balo (iiIDP). ISebe lithabathe inxaxheba kwi-IDP Indaba Working Group (IIWG), iforam yamasebe yocwangciso oluhlangeneyo elungelelaniswa liSebe looMasipala, apho kuxoxwa ngee-JPI ezingakho.

Iinkcukacha eziphathelelene neeJPI apho i-DCAS ilisebe elikhokhelayo zithiwe thaca apha ngasezantsi:

| UMasipala | Ungenelo lweqhinga | Imiphumela yeprojekthi | Amasebe axhasayo | Imiqondiso yeAPP | Inxulunya-niswe nePSP |
|---|---|---|---|---|---|
| UMasipala wase-Saldanha | Ukusekwa kweSikolo seMidlalo | 1. Isicwangciso sethuba elide sommandla waseSaldanha Bay sisekiwe sesikolo esiya kudinga intsebenziswano phakathi kwesebe nomasipala | UMasipala wase-Saldanha | 4.2.5 | PSG 3 |
| UMasipala waseGeorge | Ukuyilwa koMfuziselo weqonga lomiliselo elincedayo: Ukusetyenziswa kwe ICT kuMathala eencwadi | 1. Ilungelo lokufumana i-ICT kuMathala eencwadi | DEDAT, DotP (CE-I)<br>Oomasipala abafanele-kileyo | 3.2.6<br>3.2.7<br>1.3 | PSG 1<br>PSG 2 |
| UMasipala wase Laingsburg | Amaziko axhasa ulolongo lwasemva kokuphuma kwesikolo | 1. Amaziko eMOD<br>2. Amaziko ololongo lwasemva kokuphuma kwesikolo<br>3. Indawo zokwenza umsebenzi waseKhaya | DoE<br>DSD<br>DOH<br>DOCS<br>Oomasipala abafanele-kileyo | 4.5.1 | PSG 2 |
| UMasipala wase Bitou | Ukukhuthazwa nokwandiswa kwemilinganiselo yokuthatyathwa kwenxaxheba kwinkqubo yeMOD yasemva kokuphuma kwesikolo. | 1. Ukulungiswa kweziphumo zemfundo<br>2. Ukuncitshiswa kobubi bentlalo<br>3. Ukwandiswa kothatyatho lwenxaxheba kwimidlalo nolonwabo<br>4. Ukuphuculwa kwentlalo. | DOE<br>DOH<br>DSD<br>DotP | | |
| UMasipala wase Mossel Bay | Ukugcinwa kwemfezeko yenkqubo yesikolo: Ukuchongwa kweNkqubo yeMOD | 1. Ukwandiswa ukusetyenziswa kweNkqubo yeMOD | DSD<br>DoH<br>DoCS<br>DoE | | |

### *4.4 Izindululo zenkundla ezifanelekileyo*

| ITyala eliseNkundleni | Isalathisi | Ifuthe kwiDCAS |
|---|---|---|
| *The Chairpersons' Association v Minister of Arts and Culture* [2007] SCA 44 (RSA) | iNkundla ePhakamileyo yeSibheno, inomb. yetyala 25/200625/2006: | Esi sigwebo sibeka imida emayisetyenziswe ngabasemagunyeni ukuqinisekisa indlela eyiyo yokufakana imilomo noluntu lwasekuhlaleni nabanye abathathi-nxanxheba xa kusenziwa izindululo zemiba emalunga notshintsho lwamagama endawo, njengoko iSebe laseNtshona Koloni neKomiti yokutshintshwa kwaMagama eeNdawo eNtshona Koloni zamiselwa nguMEC zingabathathi-nxaxheba ababalulekileyo ekusetyenzisweni komthetho-siseko ohambelana nawo |

| ITyala eliseNkundleni | Isalathisi | Ifuthe kwiDCAS |
|---|---|---|
| | | ingakumbi uququzelelonokufakana imilomo nabathatha inxaxheba kwanoluntu. Kufuneka esi sigwebo sisetyenziswe kwinkqubo nemiqathango elandelwayo abayisebenzisayo ekulawuleni iinguqu eziphakanyisiweyo kumagama eendawo. |
| *iQualidental Laboratories v Heritage Western Cape* [2007] SCA 170 (RSA) | INkundla ePhakamileyo yeziBheno.Inombolo yekheyisi. 647/06. | Isigwebo saqinisekisa ukuba amandla anikwe uMEC weLifa leMveli weNtshona Koloni, umisela iimeko ngokwecandelo 48 lomthetho iNational Heritage Reasources Act, 1999, kuphuhliso ukuze uhambelane nezindululo zomthetho-sisekelo ngokwezinikezelo zoMthetho. |
| *iTop Performers (Pty) Ltd v Minister of Cultural Affairs and Recreation* | InkundlaePhakamileyoyeNtshona Koloniinombolo yetyala 5591/05. | Isigwebo sinefuthe elibalulekileyo kwiinkqubo zesibheno ekuthathweni ngamaqoqo achongwe nguMphathiswa ngokwecandelo 49 loMthetho weZixhobo zokuSebenza ngeLifa leMveli, funda kunye noMqathango 12 weP.N. 336 ka-2003. Isigwebo sanikezelwa yiNkundla ukuqinisekisaukuba i-DCAS kunye noMphathiswa zimisela amanyathelo alungileyo mayela neenkqubo zolawulo, ulwamkeleko lobungqinaobutsha kwixwebhu leenkcukacha leqoqo kunye nokuhambelana nemithetho yasemthethweni ngokwe-*audialterim partemmaxim*. |
| *Willows Properties (Pty) Ltd v Minister of Cultural Affairs and Sport* | INkundla ePhakamileyo yeNtshona KoloniInombolo yetyala 13521/08 | Ummangali ufake isicelo esingxamisekileyo kwiNkundla ePhakamileyo ukunyanzelisa uMEC ukuba athathe isigqibo, okanye enze cebo limbi ukukhupha Isigqibo (iinkcukacha zesigwebo) ngokwesibheno esifakwe kuMEC ngokwecandelo 49l oMthetho weZixhobo zeMveli kuZwelonke, 1999, xa ufundwa nomqathango12(7) weP.N.336ka-2003. Ifuthe lesigqibo kwiDCAS inganyanzelisa amalungu esigqeba senkundla ukuba asebenze ngokwamaxesha abekiweyo okukhutshwa kwaMaxwebhu eeNkcukacha zeZigqibo. Kusetyenziswe amanyathelo okulungisa. |
| *Waenhuiskrans Arniston Ratepayers Association and Another v Verreweide Eiendomsontwikkeling (Edms) Bpk and Others 1926/2008* [2009] ZAWCHC 181. | INkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni, inomb. yetyala. 1926/2008 | INkundla yaqwalasela ukuba ingaba igunya leSouth African Heritage Resources Agency (SAHRA) kunye neHeritage Western Cape ezinawo amagunya ommandla ngokubhekiselele kwiziza ezichazwe yiSAHRA ngezikwisigaba 1 nendawo ekwakufakwe isicelo ngokwamacandelo 35 no 36 loMthetho weZixhobo zeMveli kuZwelonke ka-1999. Inkundla yafumanisa ukuba iSAHRA inegunya elisemthethweni. Iziphumo zesigwebo yaba zezokuba kufuneka i-DCAS incedise abeLifa leMveli yeNtshona Koloni ngokunika uncedo lokucacisa umthetho nokuqinisekisa ukuba iHWC isebenza ngokwegunya enalo |
| The Louis Trichardt Chairperson's Association *v the Minister of Arts and Culture and the Geographical Names Council of South Africa* | ICandelo laseGauteng leNkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika<br>2014 | INkundla ikubekelwe bucala ukuguqulwa kwegama iLouis Trichardt liguqulelwa kwiMakhado emve kokuqukunjelwa kwesigqibo ngaphandle kwenkundla phakathi kwamaqela. Oku kunomphumela wendlela eya kuthi i-DCAS neKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Koloni iqinisekise ngento yokuba iinkqubo ezifunekayo zothethwano zichaziwe yaye zibhalwe kumaxwebhu ezibhekiselele kwiinguqu ezindululwayo, ukubekwa emgangathweni okunye ukuqwalaselwa kwakhona kwegama lendawo. |

## *4.5 Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo*

Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo wama-2015/16 ngala:

- UMgaqo-nkqubo woLawulo lweeRekhodi zePhondo leNtshona Koloni

Ukubonelela ngesicwangciso-nkqubo ukulungiselela uphuhliso nomiliselo lwenkqubo yolawulo lweerekhodi ezithile oluya kuthi lwandise ukufaneleka nokusebenza kombutho ngokusetyenziswa kolawulo olulungiselelanisiweyo lokuyilwa, ulwamkelo, ulolongo, usetyenziso nokugcinwa nokulahlwa kweerekhodi eziyinene, ezithembekileyo, ezipheleleyo nezisebenzisekayo ngokwenza njalo kuya kuxhasa unaniselwano loshishino lwamaqumrhu karhulumente wephondo ngokuhambelana nomthetho ofanelekileyo osebenzayo.

- Ukulungiswa koMthetho weNkonzo yoVimba neeRekhodi zePhondo leNtshona Koloni (uMthetho onguNombolo 3 wama-2005)

Uphuhliso olutsha kubuchule boLawulo looVimba neeRekhodi lwenze kwayimfuneko ukulungiswa koMthetho wooVimba neeNkonzo zePhondo. Umthetho olungisiweyo uya kubandakanya uphuhliso olufana nophuhliso lwetheknoloji kulawulo loovimba neerekhodi.

- UMgaqo-nkqubo weWestern Cape Provincial Archives Digitisation

UMgaqo-nkqubo wokufakwa kwengcaciso kwikhompyutha ijolise ekubeni kumgangatho omnye iinkqubo zokufakwa kwengcaciso kwikhompyutha kumaqumrhu karhulumente ukulungiselela ukuqinisekisa ngokufana kulawulo lweerekhodi ezikwikhompyutha noovimba.

## 5. Uhlahlelo lwesimo

UBUME BEZOPOLITIKO

Unyulo lwesihlanu lwedemokhrasi obe lubanjwe kuCanzibe wama-2014 lube nezigunyaziso zonyulo ezitsha ezichaza iinjongo zeqhinga nekujoliswe kuko ngurhulumente zesithuba sama-2015 ukuya kuma-2019. IsiCwangciso-nkqubo seQhinga sesiThuba esiPhakathi (MTSF) sisicwangciso seqhinga sesizwe esilungiselelwe isithuba sonyulo sowama-2015 ukuya kowama-2019 yaye isiCwangciso-nkqubo seQhinga lePhondo leNtshona Koloni sithi thaca iinjongo ekufuneka zifezekiswe kwiPhondo kule minyaka mihlanu ilandelayo, njengoko ichazwe ngenkcukacha kwicandelo 4.3 ngasentla.

UBUME BOQOQOSHO

Ifuthe lobume boqoqosho obukhoyo nobuqikelelwayo, ubume boqoqosho behlabathi obungaqinisekanga nobuguqu-guqukayo, ifuthe labo kuqoqosho lweli lizwe, yaye ukuqokelelwa ngaphantsi kwengeniso yerhafu yesizwe, kukuthintela kakubi kakhulu ukukhula kwengxowa-mali. Ngenxa yohlahlo lwabiwo-mali olusezantsi lokuqokelelwa kwengeniso nokulawulwa kobukhulu bontsilela yohlahlo lwabiwo-mali lwesizwe, uhlaziyo olubhekiswe ezantsi kwiSabelo soBulungisa neMinikelo yoXhomekeko lwacetyiswa ukulungiselela iMTEF yowama-2015.

Kobu bume buminywe kakhulu bengeniso yerhafu, iinjongo zenkqubo yoHlahlo Lwabiwo-mali lowama-2015 zibandakanye ufezekiso lwezabelo zezibonelelo ezibonisa oko kuphambili kukarhulumente okusekwe kubungqina bokusebenza kwenkqubo, nokukhuthazwa kweziphumo zomsebenzi ezihambelana nexabiso ngokusetyenziswa kwezibonelelo zoqoqosho ezifanelekileyo nezisebenzayo zeenkonzo zikarhulumente ngeli xesha kuthatyathwa ingqalelo yokulunga nokufumaneka kweenkonzo.


Ngeli thuba iinkonzo eziphambili eziyimfuneko zibekwe phambili kwiMTEF yowama-2015, akukho ngxowa-mali zangezelelweyo ziya kufumaneka yaye ngoko okuphambili kweSebe kufuneka kuxhaswe ngemali kubeko phambili lwangaphakathi kwiivoti ezikhoyo okanye kuzo zonke iziseko. Injongo kule minyaka mithathu ilandelayo kunika ingqwalasela kwiinkqubo neeprojekti ezilungelelanisiwe kunye neenjongo zomgaqo-nkqubo zikarhulumente, kubandakanywa ezo

zithiwe thaca kwisiCwangciso seSizwe soPhuhliso, iMTSF yowama-2015 ukuya kowama-2019, kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo.


UBUME BENTLALO

Igrafu engasezantsi ibonisa into yokuba kukho ngokwakaloku nje ukwanda kolutsha kwiPhondo nepesenti zabemi ezingama-51.8 abangaphantsi kweminyaka engama-29, kunye nepesenti engama-68.5 yabemi ikwiminyaka yokusebenza (iminyaka eli-15 ukuya kuma–65). Nangona kunjalo, ipesenti yabemi eminyaka engama-65+ ilindeleke ukuba iphindwe kabini ngowama-2040. Ngaphezulu, ubume boqoqosho lwentlalo inefuthe elibi kwikhono leSebe ukunikezela ngeenkonzo zalo.

Iphiramidi yabemi – 2011





Iphiramidi yabemi - 2040




*Umthombo: Uthelekelelo lwaBemi lweNtshona Koloni 2011 ukuya kowama-2040*

Iimaphu ezingezantsi zibonisa ulwahlulo lwesithuba (amanani neepesenti) zabantu abangekho ngqeshweni, kwimfundo okanye kuqeqesho (NEETS) kwiPhondo.




*Umthombo: iYunithi yaBemi beNtshona Koloni, iSebe loPhuhliso lweNtlalo, eyeSilimela 2014*

UBUME BETHEKNOLOJI

URhulumente weNtshona Koloni uyashenxa kwinkqubo yoshishino olusekwe kwiphepha ukuya ekuncitshisweni kokusetyenziswa kwephepha nokugcinwa kweefayile. Iinkqubo ezintsha zeICT eziphantsi kweWCG Suite ziyaphuhliswa ukulungiselela ukuba urhulumente asebenze ngokufanelekileyo alondolozo iindleko.

Ukungaqiniseki okukhoyo kutsha nje kummandla wonikezelo lwamandla kunokuyichaphazela ingqiniseko yomtyali-zimali nokusingathwa kwemisitho engundoqo kwiPhondo. Ikhono loluntu lokuthabatha inxaxheba kwimidlalo nemicimbi yenkcubeko linakho ukuchaphazeleka.

I-WCG iqalise ngenkqubo eyaziwa njengeElectronic Content Management (ECM) ukuququzelela ukuya kubume bokuminya ukusetyenziswa kwephepha. I-DCAS inikwe uxanduva lokwandisa uphawu lweECM kuloo Masebe eWCG apho kungekho thuba langaphambili le-ECM.

Le nkqubo ibizwa ngokuba yi-MyContent ebonelela ngoyilo, ngolawulo nokugcinwa kuvimba kweerekhodi nge-elektroniki. Ukugcinwa ngedijithali kooVimba beWC kuqalisiwe ngokunjalo ukunikezela ngokugcinwa kwe-elektroniki nelungelo lokufumana imathiriyeli ekuvimba.

IMIBA YENDALO

Imisitho emininzi yenkcubeko yangaphandle, efana neCape Carnival, iqhubeka kwisithuba esisekuqaleni ekwindla ukusebenzisa ithuba lemo yezulu entle eNtshona Koloni. Imo yezulu embi inokuba nefuthe kukuzinyaswa kwemisitho yemidlalo neyolonwabo.

UBUME BOMTHETHO

Ukuvavanywa ngokutsha komthetho wesizwe welifa lemveli kwaqukunjelwa ngowama-2008. Uluhlu lwezilungiso zacetyiswa, akukho namnye ukuza kuthi ga ngoku othiwe thaca ePalamente.

Ukuba uMthetho Oyilwayo weenkonzo zamaThala eencwadi neNgcaciso woMzantsi Afrika unokuthi usayiwe ube ngumthetho kule minyaka mihlanu ilandelayo, lo mthetho uya kuba nefuthe kwiNtshona Koloni njengoko uya kubeka imigangatho kulungiselelwa iinkonzo zamathala eencwadi oluntu.

### *5.1 Ubume bendlela yokwenziwa komsebenzi*

Ibango leenkonzo zeSebe lichazwe ngasezantsi ngokuhambelana neenkonzo ezinikezelwe liSebe:

Inkcubeko kufuneka ithatyathwe njengoluhlu lweempawu eziqaqambileyo zomoya, zemathiriyeli, zobukrele-krele nenkcukumiseko zembonakalo yoluntu okanye iqela lentlalo, yaye ibandakanya, ukongezelela kubugcisa noluncwadi, indlela yokuphila, indlela yokuhlala kunye, iinqobo ezisesikweni, izithethe neenkolelo.[1] Ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli, liyimbonakalo yoyilo nomthombo wenkcazelo yomntu neyentlanganisela, eqhubekayo kwinkqubo yokufumana ngokutsha nokuchaza ngokutsha izithethe nelifa lemveli, zibumba iindlela zokuhlala kunye koluntu. Ngokunikezela ngomtyhi woyilo wokunika inkcazelo, ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli likhuthaza ingqiqo yempilo-ntle yomntu yaye ikhuthaza ingqiqo enkulu nentlonipho yeyantlukwano yentlalo nenkcubeko kwinqanaba lesizwe lephondo nelengingqi. Uhambelwano lwentlalo nengxoxo yeenkcubeko ziimpawu ezibalulekileyo zophuhliso loluntu, njengoko zidala intembeko yentlalo nokubandakanywa kweentlanga ezinabantu abambalwa nokunceda ekwakheni uluntu oluzinzileyo nolomeleleyo.


UVavanyo ngokutsha kweMinyaka engama-20 kaMongamel luvuma into yokuba iprojekthi yolwakhiwo lwesizwe yoMzantsi Afrika ibandakanya ukubunjwa kokufana okunye, ngeli thuba inika ingqwalasela yaye iyihlonipha iyantlukwano ngobuhlanga, uhlanga namanye amaqela. Ibandakanya iinkcubeko ezininzi, ezithi zinike ingqwalasela kumalungelo enkcubeko obuhlanga kunye nezinye iintlanga ezinabantu abambalwa. Ithi ngaphezulu inike ingqwalasela kwinto yokuba ubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli libalulekile ngokunjalo ukulungiselela ukuyilwa kokufana okunye okungxabalazileyo kwesizwe.[2]

**Iinkonzo zobugcisa, iNkcubeko neenkonzo zolwimi**

Ngothelelwano nabachaphazelekayo abafanekileyo abafana neBaxter Theatre, iArtscape, iDie Burger Suidoosterfees neCape Town International Jazz Festival, urhulumente uliguqule icandelo ukuba libe lelibandakanyayo nokwamkela iyantlukwano yelizwe yobugcisa, yenkcubeko nelifa lemveli. URhulumente ujolise ekuyileni ubume bentlalo obubandakanyayo ngokukhuthazwa kwenkqubo yomiliselo ethi yamkele umthetho-siseko wobuntu obudala obuthembekileyo nobumi. Nangona kunjalo, kuninzi ekufuneka kufezekisiwe yaye ezinye zeentshukumo ezifunekayo zithiwe thaca kwisiPhumo 14 seMTSF.

KuBalo lwabantu lowama-2011 lunikezele ngeenkcukacha kukhetho lolwimi lwenkobe lwabemi kuMasipala waseKapa kunye noomasipala bezithili ezihlanu apho kufuneka iinkonzo zinikezelwe ngamasebe kaRhulumente weNtshona Koloni, amaShishini karhulumente wephondo, kunye noomasipala kwiphondo, njengoko kubonisiwe kwigrafu engasezantsi:

- [1]UNESCO: Universal Declaration on Cultural Diversity (2001)
- [2]UNESCO: Analytical Framework




*Umthombo: UBalo lwabantu 2011*

**IsiXeko saseKapa** **IsiThili saseWest Coast** **IsiThili saseCape Winelands** **IsiThili saseOverberg** **IsiThili saseEden** **IsiThili saseCentral Karoo**

UBalo lwabantu lowama-2011 lubonise ukwanda ngeepesenti ezili-15.5 kuluntu lwaseNtshona Koloni ukususela ngowama-2001 ukuya kwizigidi ezi-6 950 782. Lubonise ngokunjalo ngenguqu kwipesenti kubantu abathetha ulwimi lwenkobe eNtshona Koloni, ngokwanda kwabathetha ulwimi lwesiXhosa nokuhla kwabantetho esisiBhulu. Le nguqu kufuneka ikhangelwe ithelekiswa nemvelaphi yokwanda kwabemi beNtshona Koloni ingakumbi abathetha isiXhosa abathe bafudukela kwiNtshona Koloni bephuma kwamanye amaphondo.

| IILWIMI EZISESIKWENI ZENTSHONA KOLONI | UBALO LWABANTU 1996 | UBALO LWABANTU 2001 | UBALO LWABANTU 2011 |
|---|---|---|---|
| IsiBhulu | 58.5% | 55.3% | 49.7% |
| isiXhosa | 18.9% | 23.7% | 24.7% |
| IsiNgesi | 20.1% | 19.3% | 20.2% |
| Ezizezinye | 2.6% | 1.7% | 5.3% |

Ukuvavanywa kwezi nkcukacha zamanani kunikezela ngokunjalo ngengqiqo kukhetho lolwimi lwenkobe (abantetho ilulwimi lwenkobe) lweelwimi ezisesikweni kunye neSouth African Sign Language lwabahlali kwimimandla kamasipala eNtshona Koloni. Ngokupheleleyo, icacile into yokokuba ngaphandle nje kwesiXeko saseKapa noomasipala owaseKnysna, eGeorge, eBitou neOverstrand, isiBhulu lulwimi lwenkobe lwabemi boomasipala abangaphezulu kwama-70 eepesenti (kwezinye iimeko ade abe phezulu alingane nama-89 eepesenti). IsiNgesi lulwimi lwenkobe lwabemi abalingana nama-20 eepesenti beNtshona Koloni, kodwa lulwimi olusetyenziswa kwihlabathi oluthi lusetyenziswe luninzi njengolwimi lwesibini. Bamalunga nama-22,000 abantetho ilulwimi lweMinwe loMzantsi Afrika eNtshona Koloni. Ezinye iilwimi ezisesikweni

zoMzantsi Afrika ezisetyenziswa eNtshona Koloni sesiSotho (abangama-64 000), isiTshwane nesiZulu (22 000 ngalunye).

Izibonelelo ezimiselweyo zoMgaqo-nkqubo weRiphabliki yoMzantsi Afrika zithwalisa uxanduva bonke oomasipala bathabathele ingqalelo ukusetyenziswa nokukhethwa kolwimi lwabahlali xa benikezela iinkonzo. Ukunikezelwa kwenkonzo ngamasebe karhulumente wesizwe nowephondo namashishini kufuneka athathele xa ingqalelo le ngcaciso xa benxibelelana naxa benikezela inkonzo kubahlali.

UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (1996), uMgaqo-siseko wePhondo leNtshona Koloni, we-1997 (uMthetho woku-1 we-1998)kunye noMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, 1998 uthi thaca uxanduva lorhulumente wephond ngokubhekiselele kwizigunyaziso ezijolise kusetyenziso lweelwimi ezisesikweni zephondo nezinye iilwimi. Ukunikezelwa kwenkonzo ngurhulumente kubemi ngolwimi olukhethekileyo kumthengi ibe ngowona mba wenza iyantlukwano ophakanyisiweyo kwintetho zohambelwano lwentlalo ezibanjwe kwisithuba seminyaka embalwa edlulileyo eNtshona Koloni ukulungiselela ukuqinisekisa ngohambelwano lwentlalo noluntu olubandakanyayo.

Ukwanda kweprojekthi zolungelelwaniso lweEPWP ethi ibonelele ngamathuba anentsingiselo omsebenzi kulutsha olukwicandelo lobugcisa, lenkcubeko nelifa lemveli kwabanakho ukwenzeka ngolwabiwo olwandisiweyo ukususela kowama-2011/12 ukuya kowama-2014/15. Oku kusekela uxanduva oluthiwe thaca kwiNDP apho unxinzelelo kwiminyaka yokuqala yomiliselo lweNDP luya kungenisa abangaqeshwanga, ingakumbi ulutsha, kwimisebenzi yoqoqosho. Abaxhamli ngoko banikezelwe ngamathuba oqeqesho ukulungiselela ukuzimasa izifundo eziqinisekisiweyo zeSAQAkubuNkokheli boKhenketho, uLawulo loBugcisa neNkcubeko kwiNqanaba loLuntu kunye neZibane zeThiyetha neSandi.

| INKQUBO EYANDISIWEYO YEMISEBENZI KARHULUMENTE KWIMICIMBI YENKCUBEKO | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | **2011/12** | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** |
| Inani lamathuba ayiliweyo emisebenzi yeEPWP | 152 | 119 | 242 | 305** |
| Ulwabiwo olupheleleyo | R4 000 000 | R4 000 000* | R8 668 0000* | R13 000 000* |

* Ezi zixa-mali abandakanya izabelo zoMnikelo weNkuthazo kulungiselelwe iminyaka elandelayo yemali

**Okujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Unxibelelwano oluqhubekayo nothelelwano phakathi kwamagcisa kunye nemibutho yasemaphandleni yobugcisa nenkcubeko luqhubekile kule minyaka mihlanu idlulileyo yanomphumela ekwandisweni kobukhulu bamacandelo obugcisa kwiNtshona Koloni. Nangona iSebe ingelilo kuphele elingumthombo wenkxaso-mali, izicelo ezivela kwimibutho eNtshona Koloni kwiminyaka edlulileyo zibonakalisa uxinzelelo loqoqosho.

Unxibelelwano namacandelo angahlangananga obugcisa, enkcubeko nelifa lemveli luhlala lungumgeni kwiSebe. Licinga ngonxibelelwano olulungelelanisiweyo kunye necandelo kwisithuba seminyaka elandelayo ukukhuthaza nokuseka iingxoxo ezinentsingiselo.


| INKXASO YEMALI KWIMIBUTHO YOBUGCISA NENKCUBEKO | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | 2008/09 | 2009/10 | 2010/11 | 2011/12 | 2012/13 | 2013/14 | 2014/15 |
| Inani lezicelo ezamkelweyo (kungathethi into yokokuba ibe zizicelo ezyimpume-lelo) | 198 | 225 | 208 | 265 | 244 | 157 | 202* |
| Inani leminikelo yenkxaso enikezelwe yiDCAS | 78 | 82 | 77 | 66 | 57 | 78 | 51** |
| **Isambuku esinikezelwe-yo** | **R6 708 220** | **R6 728 717** | **R6 261 879** | **R10 609 550** | **R11 175 000** | **R13 515 000** | **R15 115 313** |

* *Inani eliqikelelweyo lezicelo emaziqwalaselwe nesixa-mali ekufuneka sikhutshelwe ngowama-2014/15*

** *Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo*

### Iinkonzo zemyuziyam, amagama eendawo nelifa lemveli

Zingaphezulu kwe-140 leemyuziyam kwiNtshona Koloni, kubandakanywa namaziko abhengeziweyo enkcubeko axhaswa ngemali liSebe lesizwe loBugcisa neNkcubeko, iinyuziyam ezimanyeneyo ezingama-29 zine iimyuziyam ezilawulwa ngoomasipala okanye iiarhente zabo okanye amaziko emfundo ephakamileyo, ze ezishiyekileyo zilawulwe licandelo langasese nabantu bangasese. Phakathi kwazo kukho ngokunjalo imimandla apho ilifa lemveli loluntu liboniswayo. Iindawo ezikuzo iimyuziyam kwiPhondo lonke zibonisiwe kule maphu ingasezantsi:




UMgaqo-nkqubo oyilwayo weSizwe weMyuziyam (2013) ibonelela ngesicwangciso-nkqubo kumaziko elifa lemveli nakumaphondo ngokuqulathwe zimyuziyam "zesizwe". Ubonisa ngokunjalo

izindululo zoqiqo nolungelelwaniso lwamaziko enkcubeko abhengeziweyo. UMgaqo-nkqubo weSizwe weMyuziyam uya kunceda iSebe liqukumbele uMthetho Oyilwayo weMyuziyam wePhondo leNtshona Koloni. Nangona kunjalo, imingeni ebhekiselele kulawulo nolawulo lwemali kumaziko elifa lemveli neemyuziyam kufuneka ithathelwe ingqalelo phambi kokuqukunjelwa komthetho wephondo wemyuziyam olungiselelwe iNtshona Koloni.

Isibonelelo esingundoqo somgaqo-nkqubo wephondo wemyuziyam yaye ngoko nomthetho oqikelelwayo siya kuba luyilo lwamacandelo engingqi alungiselelwe iimyuziyam njengendlela yokunikezela ngenkxaso yobugcisa, yolawulo neyemali kuzo. Olu yilo lwengingqi luya kuqaliswa ngokulingwa kuqale kumasipala waseKapa ze emva koko kuyiwe kwezinye ingingqi njengoko izibonelelo nezinye izithintelo zivuma.

Ukuguqulwa kwemiboniso yemyuziyam kunye neenkqubo zikarhulumente kweli nani leminyaka lidlulileyo ezithiwe thaca kwiimyuziyam ezimanyeneyo zibe nomphumela wabatyeleli abaninzi abatyeleli iimyuziyam ezimanyeneyo.

| ABATYELELI KWIIMYUZIYAM EZIMANYENEYO EZINGAMA-28 ENTSHONA KOLONI | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | **2009/10** | **2010/11** | **2011/12** | **2012/13** | **2013/14** |
| Inani labatyeleli | 318 057 | 331 184 | 368 332 | 456 890 | 478 714 |

**Amanani abatyeleli kwiMyuziyam iCango Caves awabaniswanga.*

Imiboniso emitsha yemyuziyam ebonisa imiboniso enxibelelanayo nezinto zobugcisa ezenziwe ngabantu ezibandakanyayo kunye neenkqubo zikarhulumente ezingeelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni inikele ngokunjalo ekukhuthazeni ubandakanyo lwentlalo, ukhenketho lwentlalo nokuyilwa kobushushu benkcubeko. Umelo olwandileyo lwelifa lemveli lenkcubeko lweengingqi zoluntu zeNtshona Koloni lubonakalisiwe ukunikezela ngamava omtyeleli anxulunyaniswe kunye neQhinga loKhenketho leLifa leMveli leNkcubeko (2011) kunye neQhinga leSizwe loKhenketho lwaseMaphandleni (2012). Ulungelelwaniso oluqhubekayo kwimboniso luyimfuneko nokujoliswe kumanyaniso lwetheknoloji kwimiboniso ngale ndlela ingcaciso ebhaliweyo nolwimi lusetyenziswa ngayo kunye nobuchule obulungiselelwe ukutolika imyuziyam. Ukulungiselela ukunika ingqwalasela kule miba inkonzo yemyuziyam iya kudingeka ukulungiselela ukusebenzisa ubugcisa bangaphandle kakhulu kunokuba bekwenziwe njalo ngaphambili njengoko ingenakho ukwenzeka into yokuba igcudwana lobugcisa kwinkonzo ukuba libe nawo ngokupheleleyo amakhono adingekayo. INkonzo yeMyuziyam liya kuhlola ngokunjalo indlela yokusetyenziswa kwenkqubo yeEPWP ukuyila iimeko zokulinganisa kwiimyuziyam njengendlela yokwandisa amava omtyeleli nokubonakalisa iimbono ezininzi zexesha elidlulileyo ezithi zibonakalise ngokwaneleyo iimbono ezahlukeneyo zoluntu oluneenkcubeko ezininzi. Le ndlela yokugqibela yomkhokheli wemyuziyam yaziwa ‘njengetoliko lomntu wokuqala’.

Ukwangezelela kwimfuneko yokunikezela ngenkonzo kwiimyuziyam ezimanyeneyo, kunika ingqwalasela ngokunjalo kwinto yokuba iNkonzo yeMyuziyam inakho ukunikezela ngeentlobo zeenkonzo kwiimyuziyam ezingafumani basebenzi nenkxaso-mali rhoqo evela kwiSebe. Kule meko kuxhitywe ekubeni kuvulwe amathuba oqeqesho nanxulumene nako, iinkqubo zokuqokelela nokulawulwa kwengcaciso, inkonzo yokuthengiswa kwenkonzo nonxibelelwano kunye namathuba angamanye amaninzi angathi abekho kummandla obanzi wamaziko omyuziyam njengoko bekunjalo ngaphambili.

Ngaphezulu kwamagama endawo angama-12 000 athe saa kwimaphu yaseNtshona Koloni. La magama endawo akwinkqubo yokuvavanywa ngokutsha, abekwe emgangathweni okanye,

apho kuthe kwakho isidingo, atshintshwe ngokuhambelana nomthetho ofanelekileyo nezikhokhelo zothethwano lukarhulumente ngoogunyaziwe abafanelekileyo. IKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni inikwe uxanduva lokuqwalasela izicelo ezivela kwiNtshona Koloni ukulungiselela ukuguqulwa kwamagama, kufuneka kuhlaziywe ngokutsha iinguqu zamagama esele zikho ezithi zidingeke ukuba ziqinisekiswe okanye zibekwe emgangathweni. IKomiti inika iingcebiso kwiBhunga laMagama eeNdawo yoMzantsi Afrika. Lo msebenzi uya kuqhubeka nangona kukho izibonelelo eziminyiweyo.

| INANI LAMAGAMA ENDAWO AQWALASELWEYO YIKOMITI YAMAGAMA YEPHONDO LENTSHONA KOLONI EKUFUNEKA EGUQULWE, EHLAZIYIWE OKANYE EBEKWE EMGANGATHWENI LIBHUNGA LAMAGAMA ENDAWO LOMZANTSI AFRIKA | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | **2011/12** | **2012/13** | **2013/14** | **2014/15** |
| Inani lamagama endawo aqinisekisiweyo naphandiweyo | 405 | 315 | 300 | 300* |

**Ekujoliswe kuko okulungiselelwe owama-2014/15*

ISebe lenze imitsi ngolungiselelo olubanzi olufunekayo lwamaxwebhu okunyula amabini alungiselelwe ukungeniswa njengeendawo zeLifa leMveli leHlabathi: Okokuqala kubhekiselele kuphuhliso lweMbonakalo yeNkcubeko yeCape Winelands yaye okwesibini kwimvelaphi yoluntu lwala maxesha.

### IiNkonzo zethala leencwadi

INkonzo zeThala leeNcwadi lisebenza ngokuhlanganyela noomasipala ukubonelela ngeenkonzo zethala leencwadi zikarhulumente kubantu bengingqi kuyo yonke iNtshona Koloni. Inani lamathala eencwadi likhule kakhulu kule minyaka imbalwa idlulileyo. Nangona kunjalo, kuseko iingingqi zoluntu abangelo ilungelo lokufumana amathala eencwadi kunye neenkonzo zengcaciso yaye kukho ibango elikhulu lamathala eencwadi amatsha nokuhlaziywa kwezibonelelo esele zikho. Itheyibhile engasezantsi ibonisa ukukhula okuthe ngcembe kwinani lamaziko ethala lencwadi. Ukukhula okukhulu kuMnikelo woXhomekeko kuya kukwenza kube nakho ukwanda kwenani lamathala eencwadi amatsha neeprojekti zohlaziyo ngonyaka.

| INKONZO YETHALA LEENCWADI: UBULUNGU, UKUJIKELEZA KWEENCWADI NENANI LAMATHALA EENCWADI UKUSUSELA NGOWAMA-2009* | | | |
|---|---|---|---|
| **Unyaka** | **Ubulungu obupheleleyo** | **Ukujikeleza kweencwadi okupheleleyo** | **Inani lamathala eencwadi** |
| 2013/14 | 1 126 747 | 19 836 608 | 354 |
| 2012/13 | 1 278 953 | 20 897 990 | 347 |
| 2011/12 | 1 213 185 | 20 749 866 | 343 |
| 2010/11 | 1 261 516 | 21 933 268 | 336 |
| 2009/10 | 1 173 532 | 22 251 478 | 330 |

** La manani awabandakanyi uninzi lwabantu abasebenzisa amathala eencwadi oluntu umz. Ukulungiselela iinjongo zesalathisi nokusetyenziswa kwe-intanethi.*

Ukwanda okukhulu kwingxowa-mali yoMnikelo woXhomekeko kwisiCwangciso-nkqubo seNkcitho sesiThuba esiPhakathi sowama-2014 (MTEF) sele kuqalile ukunika ingqwalasela kwizigunyaziso ezingaxhaswa ngemali koomasipala abaumanqanaba B1 no B2 ngokubhekiselele kubonelelo lweenkonzo. Inkxaso yembuyekezo kaMasipala elungiselelwe oomasipala abakwinqanaba B3 iyaqhubekeka. Ngokuhlangana kunye noMnikelo woXhomekeko, oku kufanele ukuhlawulela i-100 leepesenti lenkcitho yenkonzo yamathala eencwadi yoomasipala abakwinqanaba B3 kwiNtshona Koloni.


| IMINIKELO YOXHOMEKEKO EYAMKELWEYO UKWANDISA AMATHALA EENCWADI OLUNTU | |
|---|---|
| **Unyaka** | **Isixa-mali esamkelweyo** |
| 2014/2015 | R 126 347 000 |
| 2013/2014 | R 68542 000 |
| 2012/2013 | R 56 129 000 |
| 2011/2012 | R 48 694 000 |
| 2010/2011 | R 49 638 000 |
| 2009/2010 | R 41 073 000 |

INtshona Koloni, ukususela ekuqalisweni kwengxowa-mali yomnikelo woxhomekeko ethe yabeka uxinzelelo kubonelelo lwengxowa-mai koomasipala ukuxhasa ngemali izithuba ezangezelelweyo zethala leencwadi yaye ezixhaswa ngemali nguMnikelo woXhomekeko ukususela ngowama-2007 ibe zizithuba zesivumelwano zexesha elithile elibekiweyo. Ngenkxaso-mali eyangezelelweyo yoMnikelo woXhomekeko uninzi loomasipala benqanaba B baguqule izithuba zabo zethutyana zasisigxina okanye bazihlaziyela kwizigxina nezithuba zethutyana kwiminyaka emithathu kunye nezibonelelo.

| Unyaka | Inkxaso-mali yezithuba Ezangezelelweyo | Inkxaso-mali yezithuba esele zikho |
|---|---|---|
| 2014/2015 | 331 | 209 |
| 2013/2014 | 331 | 0 |
| 2012/2013 | 331 | 0 |

IProjekthi yoThungelwano lweThala leencwadi laseMaphandleni ethi ibonelele ngethuba lokufumana i-intanethi kuluntu lwasemaphandleni luyaqhubeka. INkonzo yeThala leeNcwadi ithabatha inxaxheba kwiLinge leBroadband loRhulumente weNtshona Koloni. Uthungelwano lweBroadband, ngokubhekiselele kwisicwangciso somiliselo esamkelweyo, liya kuqaliswa kwisithuba sowama-2015 nowama-2016.

Indawo ezikuwo amathala eencwadi iboniswe kwimaphu engasezantsi:




Inani lamathala eencwadi ngokwabemi kwiziThili zooMasipala kwiPhondo lithiwe thaca ngasezantsi:

| IziThili | Inani lamaziko ethala leencwadi | Abemi | Umndilili |
|---|---|---|---|
| Cape Winelands | 72 | 835 135 | 1: 11 599 |
| West Coast | 57 | 419 891 | 1: 7 366 |
| Central Karoo | 14 | 72 673 | 1: 5 190 |
| Eden | 70 | 595 886 | 1: 8 586 |
| Overberg | 40 | 275 923 | 1: 6 898 |
| City of Cape Town | 108 | 3 918 830 | 1: 36 285 |
| **Western Cape** | **361** | **6 118 338** | **1: 16 948** |

*Umthombo: StatsSA 2014*

Uncedo koomasipala abakwiCandelo B3 lunikezelwe ukususela ngowama-2011. Le nkxaso-mali sele ifikelele kwi-100 leepesenti lenkcitho yoomasipala kumathala eencwadi. Ukususela ngowama-2014, iCandelo loLawulo-mali lilwandisile ukhutshelo loMnikelo woXhomekeko kwiNtshona Koloni ngesixa-mali esikhulu sinale miqathango ilandelayo:

- Ama-80 eepesenti asetyenziselwe ukunika ingqwalasela isigunyaziso soomasipala abakwicandelo B abangaxhaswa ngemali, kuxinzelelwa ikakhulu kwinkxaso-mali yabasebenzi. (amaThala eeNcwadi akwiNqila awabandakanywa kule nkxaso-mali yangezelelweyo).
- Ama-20 eepesenti asetyenziselwe ukunika ingqwalasela kumsebenzi ongenziwanga kwizakhiwo zethala leencwadi, kuxinzelelwa ngokukodwa kumathala eencwadi ezikolo/oluntu.

Le nkxaso-mali inciphise kakhulu isigunyaziso esingaxhaswa ngemali kubo bonke oomasipala abakwiCandelo B ngowama-2014.

Kwisithuba sowama-2014, iNtshona Koloni yacelwa liSebe loBugcisa neNkcubeko ukuba libonelele ngoyilo lweqhinga ukuqwalasela isigunyaziso esingaxhaswa ngemali. Olu yilo lweqhinga lusaphuhliswa ngokwakaloku nje. Kucetyiswa into yokuba kuqaliswe ngenkxaso-mali epheleleyo yenkcitho yoomasipala kumathala eencwadi. Uyilo lweqhinga ngokunjalo luxhibe ekukhawuleziseni ingqwalasela kumsebenzi omkhulu ongenziwanga kumaziko ethala leencwadi nokuthengwa kwemathiriyeli yethala lencwadi, kubandakanywa uhlaziyo lobume obukhoyo beNkonzo yeThala leeNcwadi kunye nesabelo ngokulinganayo, njengoko ziya kuba phantsi koxinzelelo olukhulu kunye namabango okwandiswa kwenkonzo okunomphumela ovela ekuqwalaselweni izigunyaziso ezingaxhaswa ngemali nomsebenzi ongenziwanga. INtshona Koloni iya kukhetha uyilo oluphezulu lomsebenzi wethala lencwadi kwinqanaba lomasipala, ngokuthi iNkonzo yeThala leNcwadi leNtshona Koloni igcine igalelo layo langoku. Umgaqo-nkqubo olungiselelwe umsebenzi wethala lencwadi leNtshona Koloni kufuneka uphuhliswe kwistihba seminyaka emihlanu elandelayo. Imilinganiselo nemigangatho ephantsi ihlaziywa ngokwakaloku nje.

Kwisithuba sowama-2015-2019 iSebe liya kuqhubeka liqhuba uphuculo kwiinkqubo zokunikwa kwengxelo yeNkonzo yeThala leNcwadi.

**Iinkonzo zoVimba neerekhodi**

Ulawulo lwerekhodi olufanelekileyo luyimfuneko ukuqinisekisa ngokuthatyathwa koxanduva nguRhulumente kuluntu nokuqinisekisa ngokusetyenziswa ngendlela elungileyo kwale ngcaciso. Ulawulo lweerekhodi lubaluleke kakhulu ukuqinisekisa ngento yokuba urhulumente usebenza ngokugcina iindleko ziphantsi, ukulungiselela ukufezekisa ngempumelelo iinjongo zakhe. IiNkonzo zoVimba zePhondo ngoko ziya kunikezela ngenkxaso kumaqumrhu karhulumente ukulungiselela ukulawula izibonelelo zexabiso zawo zengcaciso. Uhambelwano ngamaqumrhu karhulumente angama-56 eNtshona Koloni abekwe iliso ngokwakaloku nje ziiNkonzo zoVimba zePhondo ngokubhekiselele kwiindlela zolawulo lwerekhodi. Ukuhlolwa kweerekhodi kubonise into yokuba uninzi lwamaqumrhu karhulumente ayahambelana kwiingcebiso neemfuno zolawulo lweerekhodi. Intsebenziswano kunye namaqumrhu karhulumente yokumilisela ulawulo oluphandle, olusekuhleni nokuthabatha uxanduva iya kuqhubeka kwisithuba sowama-2015 ukuya kowama-2020 ukulungiselela ukusekwa kweenkqubo ezinamandla ukulungiselela ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo.

Ngenxa yebango elikhulu nokusetyenziswa rhoqo kweerekhodi zovimba luluntu ibe yimfuneko into yokokuba iiNkonzo zoVimba zePhondo ukumilisela unyango lolondolozo neenkqubo zedijithali ukwenza isibonelelo selungelo lokufumana ezi rekhodi zembali zelizwe lonke nolondolozo.

Kwiminyaka embalwa edlulileyo, imitsi eqhubekayo kwitheknoloji yedijithali icele umngeni kwiindlela eziqhelekileyo zolawulo lovimba. Ukuzalisekisa isigunyaziso salo sokuba ngumthombo onyamezelayo wolwazi lwabo bonke kubume banamhlanje bedijithali, iiNkonzo zePhondo zoVimba leNtshona Koloni zizibophelele ekuphuhliseni imigangatho neenkqubo zovimba

ukulungiselela ukufaka kwidijithali okuqulathiweyo kwazo nokunciphisa ubukho, ukufaneleka nokubonakala kokuqulathiweyo kwazo ngokusebenzisa uncedo lwetheknoloji yedijithali namathuba onxulumaniso nabasebenzisi kunye nabachaphazelekayo abahlukeneyo.

Ngokuhambelana noMthetho weNkonzo yooVimba neeRekhodi wePhondo leNtshona Koloni, 2005, iKomiti yooVimba yeNtshona Koloni yasekwa ngowama-2013 ukulungiselela ukucebisa uMphathiswa wePhondo ngemiba yolawulo lovimba neerekhodi nokuxhasa imisebenzi neenjongo zeeNkonzo zooVimba.

**Iinkonzo zemidlalo**

ISebe libonelela ngeenkonzo zalo ezinxulumene nemidlalo ngokusebenzisana noluntu, imibutho emanyeneyo yemidlalo namaqumrhu olonwabo. Ukulungiselela ukufuduka kokugula kobume uye kwimpilo yobume, ukusuka kwinqanaba lokugula ukuya kukuphila, kukulimala uye kukungalimali, indlela epheleleyo kufuneka isetyenziswe eya kuthi ihlanganise uphuhliso lomoya, lomzimba nolomphefumlo nempilo-ntle yabantu neengingqi zabo.

Ngowama-2014 kubekho izikolo zemfundo ethile ephakamileyo ezithathu kunye neeklabhu ezingama-415 kwiPhondo.

ISebe liqhube isifundo sefuthe loqoqosho lwentlalo olubonisa indlela imidlalo enikela ngayo kwiGDP yeNtshona Koloni. Ngokuhambelana nomnikelo woqoqosho, iGDP nengqesho, ze kusetyenziswe ipesenti ezimbini njengoqikelelo oluminyiweyo (kuthanjekelwe kwipesenti erekhodiweyo ye-2.1 yomndilili wesizwe womnikelo weGDP kwimidlalo), kunye neziphinda-phindi ezifaneleke kakhulu zoqoqosho, uphando oluqhutyelwe olu fundo lufumanise into yokuba imidlalo inikele ngaphezulu kwezigidi zezigidi ezisi-R8.8 kwiGDP yeNtshona Koloni kwisithuba sowama-2012 (*A Case for Sport*, University of the Western Cape ne Stellenbosch University Bureau for Economic Research, 2014).

IMibutho eManyeneyo ngothelelwano neSebe iya kunceda ekuqinisekiseni ngento yokuba inkxaso-mali eyamkelweyo elungiselelwe imidlalo iya kusetyenziswa ngokupheleleyo ukulungiselela uncedo lwemidlalo kwiPhondo. Intsebenziswano esondeleyo noomasipala, imibutho emanyeneyo nemibutho yoluntu iya kwandisa ngokunjalo unikezelo lweenkonzo zemidlalo nolonwabo kwiPhondo.

**Imidlalo yeZikolo**

Kubume beMidlalo yeSikolo, amathuba akwinqanaba elilandelayo ayilwe ngokukhuthazwa:

1. Kophuhliso lweMidlalo yeZikolo, oluthi lujolise ekuncedeni:
   - Izikolo kunye nemibutho yamaqela ezikolo;
   - Ukhuphiswano olusekwe kubantwana abasafundayo;
   - Ngophuhliso lomqeqeshi wohlobo lomdlalo othile;
   - Amaqela abemi abakhethwe kwisithili;
   - Amaqela abameli abakhethwe kwiPhondo;

2. IiNkqubo zeMidlalo yeZikolo ezithi zijolise ekuncedeni:
   - Ngenkxaso kwiZikolo ezijolise kwiZikolo;
   - Ngolongamelo lweNkqubo yeBhasari yoMphathiswa weSRSA apho iNtshona Koloni
   - Ngenkuthazo yolungelelwaniso ngokubhekiselele kwimibutho emanyeneyo;
   - Ulungelelwaniso lokuchongwa kwetalente nophuhliso lwetalente;

- Nokuphuhliswa indledlana ukulungiselela uphuhliso olungaphezulu lwabafundi abanetalente.

Ngaphezulu, iMidlalo yeZikolo isebenza kwiziThili zeNqila ezi-4 zeWCED, ezizezi, iMetro Central, iMetro East, iMetro North neMetro South; ngokunjalo neziThili ezihlanu zaseMaphandleni, ezizezi, iEden, iCape Winelands, iCentral Karoo, iOverberg neWest Coast. Ekujoliswe kuko okungundoqo kwiMidlalo yeZikolo, kukukhuthazwa kokhuphiswano olwahlukeneyo kunye nemisebenzi yenqanaba elilandelayo labantwana abasesesikolweni, umzekelo, ukuthatyathwa kwenxaxheba ngumfundi kwiinkqubo yamaqela emidlalo, kukhuphiswano olusekwe kwisithili nakwiphondo, ngokunjalo nokuchongwa kwetalente namathuba okuphuhliswa kwetalente, ngokusetyenziswa umzekelo, kwendlela yokugxila kwikhowudi nezikolo ezijolise kwikhono elithile.

Ngokwakaloku nje, kubume beMidlalo yeZikolo, SRSA ichonge iZikolo ezibini eziJolise kwiMidlalo kwiPhondo leNtshona Koloni ezithe zaqinisekiswa yeJPTT. YiWestern Cape Sport School (isiThili seMetro East) neGeorge High School (esikwisiThili iEden). Izikolo zeMidlalo zelungelelanisa iinkqubo zazo zemidlalo eWestern Cape Sport School.

I-SRSA igunyazise amaphondo ukuba asebenze namacandelo ekhowudi ethile. Kumancadelo ephondo ekhowudi ezili-16 ezithile, amacadelo awahlukeneyo akumanqanaba awahlukeneyo obumbo. Iingxoxo eziqhubekayo ukulungiselela ukuququzelela ukuqukunjelwa kokuyilwa kwamacandelo afanelekileyo. Oku kuyasebenza ngokunjalo kumacandelo athe gqo, yaye apha iWCED igunyazisiwe liSebe leMfundo yeSiseko (DBE) ukongamela inkqubo. Ukunceda ngokubunjwa kwamacandelo ekhowudi afanelekileyo, iintlanganiso zarhoqo nothethwano luyabanjwa neWestern Cape Provincial Sport Confederation (WCPSC), kwindima yayo njengomgcini wemidlalo nolonwabo eNtshona Koloni, ukulungiselela into yokokuba babe nokunceda ngoququzelelo nolongamelo lwezi nkqubo. Ngokunjalo, iintlanganiso zarhoqo zemidlalo yesikolo ziyabanjwa ze zicwangciswe ukulungiselela uKhuphiswano olubanjwa rhoqo ngonyaka lweZikolo lweSizwe loMzantsi Afrika (SANSC).

Ngokubanzi amaqela emidlalo ezikolo aphakathi evekini aqhubeka kwiikhowudi ezifanelekileyo zemidlalo yaye kuso ngasinye isithili kwizithili ezihlanu zasemaphandleni, ngokunjalo neNqila yeKapa. Ezinye izikolo zithabatha inxaxheba ngokunjalo kumaqela emidlalo asekwe kubumbano lwemibutho yemidlalo ethi iqhubeke ngemiGqibelo.

Ukhuphiswano lwaphakathi evekini lulungiselelwa phantsi kolawulo lweSebe leMfundo leNtshona Koloni yaye lixhaswa yi-DCAS. Ngokwakaloku nje zili-1 226 kwezimalunga ne-1 450 izikolo zamaBanga asePrayimari, ezibhaliselwe ukuzigqatsa kumaqela emidlalo yezikolo awahlukeneyo. Ukwangezelela, ukhuphiswano lwephondo olubandakanya abagqwesileyo besithili luqhubeka kwiikhowudi ezili-14 zemidlalo ngokunjalo nakwiMidlalo yeMveli ukulungiselela ukuthatyathwa kwenxaxheba kukhuphiswano lonyaka lweeNtshatsheli zeZikolo zeSizwe zoMzantsi Afrika (SANSC).

Ukulungiselela ukukhuthazwa ngaphezulu kokuthatyathwa kwenxaxheba kwizikolo, iWestern Cape School Sport Indaba iqhubeke ngomhla we-17 nowe-18 kweyeDwarha 2014 apho abathathi-nxaxheba abafanelekileyo nabachaphazelekayo bahlangana baze baxoxa ngendlela ekungamiliselwa ngayo oku. KwiSANSC, uchongo lwetalente luyenziwa yimibutho emanyeneyo yesizwe ehlangeneyo yemidlalo, ngoko kuyilwa amathuba kubafundi abanetalente abaphuma kuwo onke amaphondo ukulungiselela ukuba bawongwe ngeMinisterial Bursaries ngowama-2015/16 nasemva koko de aba bafundi banetalente babe baphumelele imatriki. ENtshona Koloni, kwisithuba sonyaka wama-2012/13 babe bathandathu abafumana iBhasari yoMphathiswa, ngonyaka wama-2013/14 babe bahlanu abaxhamli yaye ngesithuba sonyaka wama-2014/15 ube mnye umxhamli, ongulo, uNgwane Vilakazi, umdlali weHoki wabangaphantsi kwe-13 leminyaka ovela elkwezi leSizwe eKhayelitsha, uVilakazi wachongwa ngokunjalo njengoMdlali weHoki weNtshatsheli zeZikolo zeSizwe zoMzantsi Afrika.

**ULonwabo**

Ulonwabo linqwanqwa apho imidlalo ingaphuhla khona yaye ikhule, njengoko ulonwabo lukhuthaza ifilosofi nemithetho yentlalo yendlela yokuphila esempilweni, inkuthalo yobomi bonke kunye nokufunda ubomi bonke. Ulonwabo lunikezela ngemisebenzi elungiselelwe yonke iminyaka yobudala kunye mhlawumbi yaye lunakho ukuvuselela ikhono elithe lakho ngaphakathi kubantu. Imizekelo yale misebenzi ibandakanya:

- Imidlalo eyethisiweyo
- Ezemidlalo yemveli
- Imidlalo yeZiko laseFam
- Imidlalo yeZiko loLuntu
- Imidlalo yemveli
- Imidlalo yabasebenzi basefama
- Imidlalo yabantu abadala
- Uhambo olukhulu
- USuku lweMpilo
- Imidlalo yeBhodi neyeKhompyutha

Ngaphezulu, ulonwabo lubonelela abantu ngengqiqo enkulu ngohlobo lwamathuba obomi akhoyo apho bangathi banxulumane nawo. Ngokuququzelela imisitho yolonwabo kwiPhondo, iSebe lixhibe ukuququzelela uthungelwano phakathi:

- Kwabantu kunye neziqu zabo (abanfu bafunde ukuzazi)
- Uluntu nolutsha nolutsha noluntu
- Iintsapho(Ulutsha nabantu abadala nangokuphendulelekileyo)
- Abantu kumsebenzi (Ingqesho yabaqeqeshi)
- Uluntu(Uluntu lukhuphisana nolunye)
- Abantu besuka ekuguleni besiya empilweni;

ISebe liqalise ngenkqubo yokuseka kwakhona amacandelo eMidlalo yeMveli (IG) eNtshona Koloni ngolungelelwaniso nesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP). I Sport and Recreation South Africa (SRSA) inike amasebe amaphondo asithoba anoxanduva lwemidlalo nolonwabo, isigunyaziso sokuseka amacandelo ekhowudi neenkomiti zolungelelwaniso ukulungiselela iikhowudi zeIG, ezahlukeneyo, nokuseka amaqela emidlalo eIG kumanqanaba engingqi, esithili nawephondo.

Imiqathango efanelekileyo yoMnikelo weSizwe woXhomekeko weDORA othe wabelwa amaphondo, ngeSRSA, kufuneka into yokokuba ipesenti ethile yezixa-mali yabelwe kwiindawo ezixakekileyo, ukulungiselela inkxaso yeMidlalo yeMveli, iMidlalo yaBadala kunye neehambo.

Ngokubhekiselele kumacandelo eIG, SRSA ikhombise into yokokuba kufuneka ilungelelaniswe kunye nemida yezopolitiko lwendawo yaye lamasebe karhulumente afanelekileyo kufuneka athabathe uxanduva lwala macandelo, kwinqanaba ngalinye elileli:

- Icandelo eli-1 lesizwe (SRSA);
- Amacandelo ephondo asi-9 (amasebe ephondo);
- Amacandelo esithil angama-53 (oomasipala besithili); kunye
- Namacandelo engingqi ali-187 (oomasipala bengingqi).

ENtshona Koloni, IG ilungelelansiwe kubo bonke oomasipala bayo bezithili, nenqanaba elilandelayo ilelo lolonyulo lwecandelo lephondo. Kuyaqikilelwa ngokunjalo into yokuba iiklabhu

ziya kulungelelaniswa kwinqanaba lengingqi, ukulungiselela into yokokuba ukhuphiswano olufanelekileyo nolulungelelanisiweyo lwamaqela emidlalo inakho ukuqhutywa. Amagosa obuchule, abaqeqeshi nabalawuli bayaqeqeshwa kulungiselelwa ibango.

IMidlalo yaBadala neeHambo zenza inxalenye yemisebenzi yolonwabo kuluntu. Iihambo zihlanganisa abancinane, ulutsha, abadala, abakhulileyo neentsapho, kumdlalo omnye.

**Iinkonzo zempilo yomqeshwa**


ISebe liya kwandisa inani lemisebenzi ekhuthazwe kwiWCG Gym esandula ukusekwa ukulungiselela ukukhuthaza indlela yobomi esempilweni nokuphila kakuhle kubaqeshwa abakuRhulumente weNtshona Koloni. Ngokwakaloku nje ngabaqeshwa abangama-259 ababhaliswa njengamalungu e-WCG Gym.

**Ukuthatyathwa kwenxaxheba yenkitha; iThuba nelungelo lokufumana; uPhuhliso nokukhula (MOD)**

INkqubo yeMOD yinkqubo yasemva kokuphuma kwesikolo, ekuthatyathwa inxaxheba yinkitha ethi inikezele abantwana abasesesikolweni ngethuba lokufumana imisebenzi ezaliswe lulonwabo, esekwe ekudlaleni, esekwe kulonwabo, elungelelanisiweyo yonke imihla. Le nkqubo isingathwa kwiPhondo liphela, kumaZiko eMOD asekwe mhlawumbi kwiSikolo sasePrayimari okanye kwiSikolo samaBanga aPhezulu. Ngokubanzi, amaZiko eMOD asebumelwaneni baso esisekwe kwiSikolo samaBanga aPhezulu. Ngale ndlela, umfundi unikezelwe ngethuba lokufumana ilungelo eliqhubekayo nokuchanatywa kumathuba anikezelwa ngokusetyenziswa kweNkqubo yeMOD, kangangesithuba ubuncinane beminyaka eli-12.

AmaZiko eMOD asekwe ikakhulu kwimimandla yembali, yeyababevinjwe amathuba ngaphambili ahlalwayo, anezibonelelo ezingalunganga, izibonelelo nokhuseleko, okanye intsilelo ngoko, ekhoyo. Nangona kukho obu bubi neemeko, ngenxa yemiba elungileyo kubantu efana nokunyamezela, ubutsha-ntliziyo nokuzibophelela, inani labathathi-nxaxheba libonise amakhono neetalente, ngokunjalo nekhono nophuhliso olungaphezulu. Ngokuchongwa kweetalente ezahlukeneyo neenkqubo zophuhliso lwetalente, abathathi-nxaxheba abathe babonakalisa eli khono lixeliweyo ukulungiselela uphuhliso olungaphezulu banethuba lokuqhubela phambili amakhono abo neetalente ziye kwelinye inqanaba.

Amaziko eMOD akho kwiPhondo liphela aboniswe kwimaphu engasezantsi:




INkqubo yeMOD, ikhuthaza ifilosifi nemithetho yentlalo yendlela yokuphila esempilweni, inkuthalo yobomi bonke kunye nokufunda ubomi bonke. Ithi ngokunjalo inike ingqwalasela imeko yengqondo, yomzimba nophuhliso lomphefumlo nempilo-ntle yabathathi-nxaxheba bayo noluntu apho asebenza khona amaziko eMOD.

Inkqubo yeMOD ihlanganisa abafundi kumathuba akwinqanaba elilandelayo, afana nemidlalo yesikolo, imidlalo yeklabhu, imisebenzi yobugcisa, yenkcubeko, ngokunjalo nesekwe kwimfundo yamaziko aphezulu. Ibonelela kanjalo ngamathuba engqesho ukulungiselela abaqeqeshi nabalawuli benkqubo. La mathuba engqesho, kunye namathuba olwakhiwo lwamakhono athi anikezelwe kwinkqubo, anceda abaqeshwa ngoxhotyiso olulolwabo, ukulungiselela ukuba babe nakho ukuhlanganiswa namathuba engqesho enqanaba elilandelayo.

Ingxelo yokuBekwa kweLiso noVavanyo equlunqwe liSebe ibandakanya oku kufunyenweyo kulandelayo ngokubhekiselele kwiNkqubo yeMOD:

- Ukuphuculwa kokuthatyathwa kwenxaxheba kwiMidlalo yeSikolo;
- Ukuphuculwa kwendlela yokuziphatha yomfundi;
- Ukuphuculwa kokuza komfundi esikolweni; kunye
- Nokuphuculwa kweziphumo zezifundo.

INkqubo yeMOD iya kuqhuba ukusebenza ngokubhekiselele kufezekiso lwezi ziphumo zichazwe ngasentla, kunye nezinye iziphumo ezixhityiweyo, eziya kubandakanya imiqondiso efana:

- Nokuphuculwa kokuthatyathwa kwenxaxheba kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo;
- Ukuphuculwa kwamaqela asekwe kwimidlalo;
- Ukubandakanywa komfundi kwiiklabhu zengingqi;
- Ukubandakanywa koluntu olufanelekileyo; kunye
- Imizekelo yabantu efanelekileyo.

Inkqubo iYear Beyond yinkqubo yokutyebisa ezifundo zasemva kokuphuma kwesikolo iya kuqaliswa ekuqaleni kowama-2015 kumaziko eMOD ngenjongo zokunceda kuphuculo lweziphumo kwizikolo ezifanelekileyo.

## *5.2 Ubume boMbutho*

***ULwakhiwo loMbutho***

Ubume beSebe bunjengobu bulandelayo:

### *Izithuba ezingazaliswanga ezibalulekileyo*

UMlawuli weeNkonzo zooVimba neeRekhodi waqeshwa ukususela ngomhla woku-1 kweyoMnga wama-2014. UMlawuli Obambeleyo woLawulo lokuQulathiweyo loShishino waqeshwa ukususela ngomhla woku-1 kweyoMsintsi wama-2014. ISebe alinazo izithuba ezingazaliswanga kwiNkonzo yoLawulo Oluphezulu. Abasebenzi abaqeshiweyo nezithuba ezingazaliswanga zithiwe thaca ngasezantsi ngokweNkqubo nangenqanaba lomvuzo:

**INGQESHO NEZITHUBA EZINGAZALISWANGA NGOKWENQANABA LOMVUZO, 24 KWEYOMNGA 2014**

| Inqanaba lomvuzo | Inani lezithuba ezixhaswe ngemali | Inani lezithuba ezizalisi-weyo | Umlingani selo wezithuba ezingaza-liswanga (%) | Abantu abangezelelw eyo kwinani labaqeshwa | Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga kuthathelwa ingqalelo abasebenzi abangezelelweyo |
|---|---|---|---|---|---|
| Abanamakhono aphantsi (Amanqanaba1-2) | 84 | 78 | 7.1% | 2 | 4.8% |
| Abanamakhono (Amanqanaba 3-5) | 222 | 184 | 17.1% | 33 | 2.3% |
| Abanamakhono aphezulu emveliso (Amanqanaban6-8) | 246 | 219 | 11.0% | 5 | 8.9% |
| Abanamakhono aphezulu olawulo (Amanqanaba 9-12) | 85 | 71 | 16.5% | 1 | 15.3% |
| Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16) | 12 | 12 | 0.0% | 0 | 0.0% |
| **EWONKE** | **649** | **564** | **13.1%** | **41** | **6.8%** |

**INGQESHO NEZITHUBA EZINGAZALISWANGA NGOKWENKQUBO, 24 KWEYOMNGA 2014**

| INkqubo | Inani lezithuba ezixhaswe ngemali | Inani lezithuba ezizalisi-weyo | Umlingani selo wezithuba ezingaza-liswanga (%) | Abantu abangezelelw eyo kwinani labaqeshwa | Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga kuthathelwa ingqalelo abasebenzi abangezelelweyo |
|---|---|---|---|---|---|
| INkqubo 1 | 112 | 96 | 14.3% | 8 | 7.1% |
| INkqubo 2 | 217 | 203 | 6.5% | 9 | 2.3% |
| INkqubo3 | 233 | 211 | 9.4% | 3 | 8.2% |
| INkqubo 4 | 87 | 54 | 37.9% | 21 | 13.8% |
| **ZIZONKE** | **649** | **564** | **13.1%** | **41** | **6.8%** |

### *IsiCwangciso se-HR*

IsiCwangciso seMicimbi yaBasebenzi bePhondo esilungiselelwe umhla woku-1 kuTshazimpuzi 2013 ukuya kumhla wama-31 kweyoKwindla 2018 sahlaziywa ngokomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2014 yaye sichonge okuphambili kumgaqo-nkqubo olandelayo wemicimbi yabasebenzi:

- Ukuphuculwa kweenkqubo zokufunwa nokutyunjwa kwabasebenzi
- Ukumiliselwa kwamaqhinga neendlela eziya kuthi zincede ekugcinweni kwabaqeshwa namakhono
- Uqeqesho nophuhliso olusekelwe zimfuno zangoku nezexesha elizayo zamakhono

- Ukumiliselwa kokhutshelo oluqhubekayo lwengqiqo yeziko nolwakhiwo lwamakhono lwabaqeshwa
- Ukumiliselwa kwesiCwangciso se-EE nemiqathango yeMigudu yababeVinjwe amathuba ngaphambili
- UPhuhliso noMiliselo lweQhinga/lwesiCwangciso-nkqubo sokuGcinwa kwabasebenzi okuNqamlezileyo

ISebe lichonge le misebenzi ibalulekileyo eyeyona ingundoqo kwimisebenzi kukukhula nophuhliso lweSebe:

- UMgcini woVimba
- USothala leencwadi
- IGosa leNkcubeko
- IGosa leLifa leMveli
- USonzululwazi weMyuziyam yaBantu
- IGosa leNkuthazo yeMidlalo
- IGcisa loLwimi

Izithuba ezingazaliswanga ngokomsebenzi obalulekileyo zinjengoku kulandelayo:

**INGQESHO NEZITHUBA EZINGAZALISWANGA NGOKWENKQUBO, 24 KWEYOMNGA 2014**

| INkqubo | Inani lezithuba ezixhaswe ngemali | Inani lezithuba ezizalisi-weyo | Umlinganiselo wezithuba ezingaza-liswanga (%) | Abantu abangezelelweyo kwinani labaqeshwa | Umlinganiselo wezithuba ezingazaliswanga kuthathelwa ingqalelo abasebenzi abangezelelweyo |
|---|---|---|---|---|---|
| UMgcini woVimba | 18 | 18 | 0.0% | 0 | 0.0% |
| IGosa leNkcubeko | 8 | 7 | 12.5% | 1 | 0.0% |
| IGosa leLifa leMveli | 5 | 4 | 20.0% | 0 | 20.0% |
| USothala leencwadi | 33 | 26 | 21.2% | 1 | 18.2% |
| USonzululwazi weMyuziyam yaBantu | 8 | 8 | 0.0% | 0 | 0.0% |
| IGosa leNkuthazo yeMidlalo | 30 | 27 | 10.0% | 1 | 6.7% |
| IGcisa loLwimi | 5 | 5 | 0.0% | 0 | 0.0% |
| **ZIZONKE** | **107** | **95** | **11.2%** | **3** | **8.4%** |

ISebe liya kusebenzela ukunciphisa umlinganiselo walo wezithuba ezingazaliswanga nethuba elithatyathwa ukuzalisa izithuba. Ukulungiselela ukuqwalaselwa kwentsilela yamakhono abalulekileyo, ubuchule obungundoqo buya kubekwa phambili kwisiCwangciso saMakhono kwiNdawo yokuSebenza (WSP) ukulungiselela ukunika ingqwalasela kukuphakanyiswa kwenqanaba lamakhono abaqeshwa yaye imimandla ephambili yokufuna iya kubandakanywa kwinqobo yokukhetha yolwabiwo lwebhasari. ISebe linenkqubo yolingo lokufunda kwabantu besengqeshweni ekhoyo. Le nkqubo iya kuqhubeka ukulungiselela ukuba iSebe libe nesizinda samakhono apho lingathabatha khona amakhono angundoqo nabalulekileyo.

***IiNkqubo ne-IT***

Inkqubo eyaziwa njenge-MyContent iyinxalenye ye-WCG Suite, nenqanaba lokuqala lesicwangciso sokuqalisa samiliselwa kwiSebe ngesithuba sowama-2014/15, inceda abasebenzi ukuchola-chola iinkcukacha, zigcinwe ze okuqulathiweyo okufakwe ngedijithali kufumaneke.

Ngethuba lesiCwangciso seQhinga ukuqaliswa kwenkqubo kuya kunikezelwa kubo bonke abaqeshwa kwiSebe ze imiliselwe kwimisebenzi yemihla ngemihla yeSebe.

ISebe liya kusebenzisa itheknoloji ukufaka kwidijithali iirekhodi ezindala zelizwe ukuqinisekisa ngokufumaneka kwazo okuqhubekayo. Eli qhinga likuqinisekisa ngokulondolozwa kwexesha elide lweerekhodi liya kudinga into yokokuba ababambeli bedijithali babenakho ukucebisa endaweni yezingalinganiswanga ezibuthathaka.

ISebe linxibelelene neSebe leNkulumbuso ngokubhekiselele kukufayila ngekhompyutha. Inyanzelekile into yokokuba iNkonzo yooVimba neeRekhodi yeNtshona, njengequmrhu elongameleyo kulawulo lweerekhodi kwiPhondo, landise imisebenzi yokufayilisha ngekhompyutha ukubanceda okokuba bacebise amanye amasebe ngokubhekiselele kulawulo lweerekhodi zekhompyutha.

ISebe ngokunjalo lisebenzisa itheknoloji ukusa iinkonzo zethala leencwadi ebantwini abakwimimandla yasemaphandleni. Iprojekthi eyaziwa njengeRural Library Connectivity, ngothelelwano neSebe leNkulumbuso, ivala isithuba sedijithali kwimimandla yasemaphandleni.

ISebe lisebenzisa iNkqubo yoLawulo lweNgcaciso yamaThala eenciwadi yeSITA (SLIMS) ukulungiselela ulawulo lwemathiriyeli yethala lencwadi njengempahla. ISebe linceda ngokunjalo oomasipala ngenkxaso-mali yomiliselo lweSLIMS kumathala eencwadi oluntu.

ISebe limilisele iprojekthi ukuyila iNkqubo yoLawulo lweNgcaciso yeLifa leMveli (HIMS) elungiselelwe icandelo. Kuya kwabelwana ngayo neLifa leMveli leNtshona Koloni yaye libonelela ngolawulo lwenkcukacha zamanani kunye nenkqubo yengcaciso yendawo eya kuthi isebenzise inkqubo ezithile ezizihambelayo ze iphucule ngokubanzi ilungelo lokufumana loluntu ingcaciso yelifa lemveli ukulungiselela ukunikela kunikezelo lwenkonzo olusebenzayo. Iya kusekwa kwi-webhu yaye inekhono lokwanda iye kummandla weeprojekti ngenyani zelifa lemveli kwixesha elizayo. Iya kuthi ngokunjalo iyilelwe ukunceda ngolawulo lwempahla yelifa lemveli nokuqinisekisa ngohambelwano neemfuno zophicotho-zincwadi kulo mba.

ISebe liqinisekise ngento yokuba abasebenzi banamakhono nobuchule ukuqinisekisa ukusetyenziswa ngokupheleleyo kwezi zibonelelo ukuba zisebenzise iitheknoloji ezahlukeneyo ngokufanelekileyo nangokusebenzayo.

***Indawo yokuhlalisa***

Ngokuhambelana nesiCwangciso soLawulo lweeAsethi zoMsebenzi esingeniswe liSebe kwiSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente, iSebe ngokwakaloku nje likwizakhiwo ezili-10 eziqheshiweyo nezili-18 ezize zikarhulumente eNtshona Koloni. ISebe lidinga izikwere zeemitha ezangezelelweyo ezingama-4 142 ukulungiselela iiofisi ezintandathu kwimimandla eyahlukeneyo yePhondo ukulungiselela ukunceda ngokunikezelwa okusebenzayo kwenkonzo nokufezekisa izicwangciso zeSebe.

ISebe lixhomekeke kwiSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ukulungiselela impahla eyangezelelweyo engashukumiyo ngokunjalo noncedo lweemfuno zolololongo. Iintlanganiso zeNdawo Yokuhlaliswa zarhoqo ngekota ziyabanjwa kunye neSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente ukuxoxa ngeemfuno zendawo yokuhlalisa nolololongo lweSebe. Uphengululo lweencwadi loNyaka luyaqhutywa kuzo zonke iiofisi zeSebe ukuqinisekisa ngento yokuba iimfuno zendawo yokuhlala zibonelelwe ngokwaneleyo yaye izicelo zolololongo ingakumbi ezo zingayingozi kukuhlala, ziziswa kwingqwalasela yeSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente.

Ngokuhambelana nesiCwangciso soLawulo lweAsethi yoMsebenzisi, iSebe lijolise:

- Kukwakha indawo yokuhlala eyangezelelweyo ukulungiselela iiNkonzo zeLifa leMveli nokubuyisela inkqubo yolawulo lomlilo.
- Ukulungisa kwakamsinyane nolololongo rhoqo ngamathuba abekiweyo lwezakhiwo zalo.
- Kukufumana indawo yokuhlala eyangezelelweyo yama-250m² yeofisi yeMidlalo yaseOudtshoorn, ama-200m² aseBeaufort West, ama-200m² alungiselelwe iOfisi yeMidlalo yeNqila nama-96m² alungiselelwe iiOfisi zeMidlalo neNkcubeko zaseWest Coast.
- Kukufumana indawo yokuhlala elungiselelwe iiNkonzo zeMyuziyam neLifa leMveli ukulungiselela iMyuziyam yaseKapa ecetywayo.
- Kukwakha iziko lonyango lolondolozo nolungiso ukubeka okuqokelelweyo okutsha nokugcinwa kwemathiriyeli enexabiso yenzululwazi ngezakudala.
- Kukufunyanwa kwendawo yokuhlala eyangezelelweyo ukulungiselela iSebe kwisithuba seminyaka emihlanu elandelayo.

### *5.3 Inkcazelo yenkqubo yocwangciso yeqhinga*

Emva koNyulo Jikelele kuCanzibe wama-2014, isiCwangciso-nkqubo seQhinga lesiThuba esiPhakathi (MTSF) wama-2014-2019 samkelwa yaye iKhabhinethi entsha yephondo yaqinisela iiNjongo ezintlanu zeQhinga lePhondo kweyeKhala wama-2014. ISebe libambe iseshini yocwangciso yeentsuku ezimbini kunye namalungu eMANCO kunye noMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngeyeThupha wama-2014 apho abalawuli beSebe baxoxa izicwangciso neenkqubo ezilungiselelwe isithuba sowama-2015 ukuya kowama-2019 ngenjongo yokumilisela iMTSF kunye neeNjongo ezintlanu zeQhinga lePhondo.

Kwisithuba seseshini yeentsuku ezimbini, uMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo wathi thaca iajenda yakhe nesikhokhelo esilungiselelwe iSebe esiza kusilandela kwisithuba seMTEF. IGosa eliNika iNgxelo linikezele ngovavanyo ngokutsha olukwinqanba eliphezulu ukulungiselela iVoti indlela yokwenziwa komsebenzi yowama-2014/15 echaza imbonakalo yesithuba seMTEF yowama-2015, kuthathelwa ingqalelo iiajenda zeQhinga leSizwe nelePhondo kunye nobume obukhoyo boqoqosho. IGosa leMali eliyiNtloko lithe thaca iziKhokhelo zesiCwangciso-nkqubo seNkcitho yesiThuba esiPhakathi kunye nezikhokhelo ezilungiselelwe uphuhliso lwesiCwangciso sokuSebenza soNyaka wama-2015/16 kunye nesiCwangciso seQhinga seminyaka emihlanu 2015-2019, esibandakanya iinkcukacha kubume boqoqosho, iinjongo zeNgeniso yerhafu, nobuchule nezikhokhelo zohlahlo lwabiwo-mali ezilungiselelwe isithuba seMTEF sowama-2015. Abalawuli benkqubo bathi thaca uvavanyo ngokutsha lwabo lwendlela yokusebenza yowama-2014/15, nembonakalo elungiselelwe iMTEF yowama-2015 ukulungiselela iiNkqubo zabo ezahlukeneyo.

Amacandelo akwiSebe aqhagamshelana ngokunjalo nabathathi-nxaxheba kwisizwe, kwiphondo nakumasipala unyaka wonke, ngokusesikweni nangokungekho sikweni. ISebe lizimasa iintlanganiso ezikho rhoqo kunye neMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika, kunye neSebe loBugcisa neNkcubeko. Iintlanganiso ezibanjwa emva kwenyanga ezimbini zibanjwa namasebe esizwe afanelekileyo ngokubhekiselele kwimisebenzi, umiliselo kunye neqhinga lethuba elide lemidlalo nolonwabo.

Ngokusetyenziswa kweQela loMsebenzi lePhondo kwiMidlalo yeZikolo, iSebe liqhagamshelene neSebe leMfundo leNtshona Koloni ngemiba ephathelelene nemidlalo yesikolo, kubandakanywa nokuchongwa kwezikolo ezifanele ukufumana uhlaziyo lwesakhiwo.

Unxibelelwano lonyaka olumacala mathathu luyabanjwa phakathi kweSebe, abaxhamli benkxaso-mali yeSebe ukulungiselela amalinge emidlalo nemibutho yoluntu. Ngethuba lolu nxibelelwano, abaxhamli bathi thaca okufezekiswe yinkxaso-mali eyamkelweyo kunyaka ongaphambili, kunye nezicwangciso zonyaka olandelayo. ISebe ngoko lisebenzisa le ngcaciso ukumisela inkxaso-mali yabaxhamli ukulungiselela unyaka-mali olandelayo.

ISebe ngokunjalo linxibelelana noomasipala rhoqo ngokubhekiselele kwiinkonzo zethala leencwadi. Kukho iiforam zoorhulumente apho ucwangciso lwenziwa khona noomasipala yaye oomasipala kuthethwana nabo rhoqo ngokuphathelelene neenkonzo.

Ngokubhekiselele kwizakhiwo zamathala eencwadi, ucwangciso oluhlanganyelweyo neWCED ukulungiselela amathala eencwadi ezikolo/oluntu nocwangciso neSebe loMasipala ukulungiselela ukubandakanywa kwamathala eencwadi njengenxalenye yamaZiko eThusong kuya kuqhubeka. Ucwangciso oluhlanganyelweyo neSebe lokuHlaliswa kwaBantu luya kuqaliswa ukulungiselela ukuhlaliswa okuhllangeneyo kwabantu okubandakanya izibonelelo zethala lencwadi ezidingeka kakhulu.

Iintlanganiso zarhoqo ngekota zibanjwa neSebe loBugcisa neNkcubeko kunye namanye amaphondo asibhozo ukuxoxa imiba yokusebenza neqhinga lethala lencwadi noovimba.

ISebe lithabathe inxaxheba ngokunjalo kwinkqubo yeIDP Indaba, elungelelaniswe liSebe loMasipala, ukuqhagamshelana nomasipala kumalinge ocwangciso oluhlangeneyo.

ISebe limelwe kuzo zontlanu eze komiti zoququzelelo ukulungiselela iNkqubo yoPhuhliso oluBanzi lwaseMaphandleni kwiPhondo kwindibano ezickhongiweyo. ISebe linikwe usanduva lokunceda ngomiliselo lwenkqubo kwiindibano eMurraysburg neWitzenberg. Kule meko iSebe libandakanyeka ngokuphambili kuphuhliso lwentlalo nemiba yophuhliso lwezibonelelo ezibandakanya, kodwa kungaphelelwanga kwezi, uhambelwano lwentlalo oluphuculweyo kuluntu, iinkqubo zokuzazi ukuba ungubani na, nokongamela uphuhliso okanye uhlaziyo olunxulumene nezibonelelo zemidlalo nenkcubeko, kubandakanywa amathala eencwadi.

## 6. Iinjongo ezijolise kumphumela weqhinga leSebe

Injongo zeSebe ezijolise kumphumela weqhinga:

| | |
|---|---|
| **INjongo yeQhinga 1** | Ukunikezelwa kwenkonzo yolawulo esebenzayo nesulungekileyo enoqoqosho. |
| **Ingxelo yeNjongo** | Ukunikezela ngenkonzo yenkxaso esebenzayo, esilungekileyo nenomanyaniso olunobulungisa kwabachaphazelekayo bangaphakathi nabangaphandle ukuqinisekisa ngolawulo olubumbeneyo olulungileyo, olungenaziphene noluqhutywa lixabiso. |
| **Inkcazo** | Oku kujolise ekunikezeleni ngobume obuncedayo nobuxhasayo ukulungiselela unikezelo lomsebenzi ongundoqo weMicimbi yeNkcubeko. |
| **Unxulumano** | PSG 5 |

| | |
|---|---|
